


UKUBA NEZINTO ZONKE

 Ndinombulelo kakhulu nje ngokuba lapha. Ndiyayibulela imithandazo yenu xana nisiva ngengozi encinane endiye ndaba nayo. Ibonisa nje lonto ukuba uSathana akanakukuthabatha ade uThixo abe ulungele. Kwaye ndiyaqikelela ukuba abaninzi benu bayazibuza ukuba kwenzekile njani yi...yintoni eyenzakeleyo. Ndasoloko ndibabalwe... Njengoko nisazi ndi...into endiyonwabelayo, okanye into endiphumla ngayo, kukuba ndiye kuloba okanye ndiye ezantsi ethafeni kwaye ndidubule, okanye ndiye kuzingela, okanye into elolo hlobo. Ndiyayivuyela loo nto. Ukuba bendikhe ndadlala igalufa, ngekuphandle phaya apho abafazi beze isiqingatha. Kwaye ukuba bendi—kwaye ukuba bendingungumlali webhola, niyazi ukuba bekuya kuba yintoni, ukuba. Kodwa ndi—ndiyavuya ukuba yayingaphandle, njengokuloba, ukuzingela kunye nezinto.

² Kwaye ndandisoloko ndiwuxabisa omnye wemiphi yeWeatherby Magnum. Kwaye ndiyaqikelela ukuba umntu othile ngendithengele wona ukuba bendikhe ndathetha into malunga nawo, kodwa ndayigcina kum ngokuba yimali eninzi abayifunayo bona ukuba bayifake phaya, kwaye mna ndisazi ukuba iimishinari zingaphandle kwezihlangu ezinyaweni zazo. Kwaye ngoko ndize ndivumele umntu othile ahlawule ngenxa yoko, athabathe lo mali ingako aze ahlawule umpu? Umzalwana u-Art Wilson unike uBilly phaya emva imodeli yamashumi asixhenxe eWinchester kungekudala kwithuba elidlulileyo, itwo-fifty-seven Roberts. UMnu. Weatherby wakhupha iphepha lokuba angawuthabatha laa mpu ngenxa nje yotshintsho oluncinane phaya kwaye enze iWeatherby Magnum kuwo, nje ngokhuseleko olugqibeleleyo. Ke uMzalwana uRodney uyeza apha enkonzweni, uMzalwana uRodney Armstrong wawuthumela kwaye wona waguqulelwa ekubeni yiWeatherby Magnum. Kwenzekile nje ukuba ungaguqulelwa kakuhle. Ke xana ndadubula ngawo, yiWeath-... INkampani yeWinchester atsho ukuba umpu wabo uyakumela amashumi amathandathu amakhulu anethoba eeponti oxinzelelo. Uyazi ukuba loo nto ibiyakuba yintoni na.

³ Kwaye nje ndaphakamisa umpu, uMzalwana uWood waya phaya ezantsi kunye nam, kwaye wona nje wawumalunga ne-intshi ukusuka kwiliso lam, ngolo hlobo. Kwaye uxinzelelo olwavuthela amashumi amathandathu amakhulu anesithoba eeponti kumashumi amahlanu eemitha, umbhobho wompu waphuma waya kumgeca weyadi ezingamashumi amahlanu, ibholithi yabuyela umva ngale ndlela, kwaye umpu nje wasuka wavuthuluka esandleni sam. Nje idangatye lomlilo elimalunga

nokuphakama kwentungo phaya, kwaye oko kwaba malunga nako konke endakwaziyo umzuzwana okanye emibini. Kwaye, ndafika kwi, igazi laliphuma *ngolu* hlobo, ndaze ndacinga ukuba ndandibulewe, ke ndakhe ndasibamba isandla sam *ngolo* hlobo okomzuzwana. Kwaye uMzalwana uWood... Ndazama ukukhangela, kwaye andizange ndibone ukuphuma kweli liso, kwaye ndandingeva kwaphela. Ndaziva ngokungathi ndandihamba ndinyuka emoyeni. Kwaye ndabona uMzalwana uWood ephuma esiya kwindawo ebekujoliswe kuyo ukuze abone apho imbumbulu ibethe khona, kwaye ndazama ukutsala ingqalelo yakhe. Ngoko wafika phaya kwaye sanyukela phezulu. Kwaye isangqa sengceba saya kanye sajikeleza iliso. Kwaye ubuso bam bakhangeleka ngokungathi buphoswe ihamburger kubo, apho wona nje wasuka waqhushumbisa ubuso bam. Kwaye iingaceba ezinkulu ezinzima zancamathela nje ngaphezulu kweliso, kwaye zenza isangqa kanye malunga nethambo lesinus kunye nethambo lokakayi *apha*. UGqirha u-Adair wazikhupha.

⁴ Kwiintsuku ezimbalwa kamva, kakade, ngosuku olulandelayo, uGqirha wayesesibhedlele ngokwakhe. Bandithumela kwingcali malunga neliso. Wafumana isangqa, nje ngaphantsi kokubonayo, okumalunga namashumi amathathu amasuntswana eengceba eziye zangena nzulu ukuya kwintlavu yeliso. Ayinakukhutshwa. Yahamba, nje yaphosa ukubona kwaye yenza isangqa ukujikela ngolu hlobo. Wathi, “Into ekuphela kwayo endiyaziyo,” wabhalela uGqirha u-Adair incwadi, wathi, “iNkosi elungileyo kumele ukuba yayihleli kunye naye esitulweni, ukukhusela umkhonzi waYo, okanye ubengayi nkqu nokuba nentloko eseleyo.” Konke uMzalwana uWood awayengekufumene bekuya kuba kukusuka *apha* ukuhla, yabona. Olo luxinzelelo olwadubulela emva! Andazi ukuba lwayenza njani lonto. Kodwa laa bolt inkulu inzima ukusuka kwimodeli yamashumi asixhenxe yompu yayivuthele konke ukubuya umva, ukuba uyazi ukuba iphi iClub yoLondolozo, yonke indlela ebuyela kubuhlanti bexhama. Kwaye inxalenye yompu asizange siyifumane.

⁵ Ke, oko nje kuyakubonisa into ethile. Ndinentshumayelo ngenye imini ngaloo nto, iNkosi ithandile, ngayo “Inguqulelo ilungile, kodwa kungcono uyigcine iphantsi. Ukuba ayikhange yamiselwa kwangaphambili kumthwalo lowo iwuthabathayo, iya kuqhushumba ngalo lonke ixesha.” Kunjalo oko. Ke musa ukuzama uku... Kungcono ube ngowemvelo. Um-hum. Kodwa hayi ukuhlekisa ukusuka kweminye... [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Ngoku khangela, yabona. Yi... Owu, kakade, unokucinga ukuba izinto beziya kuthethwa ngolo hlobo.

⁶ Kodwa, ngokokwazi kwam, akukho—akukho nanto enye... Kakade, iindlebe zam, unganokucinga nje, zisenaso isandi xana lo mboko uphindaphinda. Eso sisizathu sokuba bendingekho

apha ngale ntsasa. Uyathetha, uyawuva uqhushumba ukubuya umva nokuya phambili. Kodwa baye bandisa kwingcali, yathi, “Igubu lendlebe alidumbanga nkqu nokudumba. Kwaye ngoko iliso,” yathi, “uyakuba nje kukubona okufanayo owakha waba nako.” Yathi—yathi, “Iye yayakungena ngaphantsi kokubona. Yenza nje isangqa ukujikeleza intlavu yeliso, yazifaka ngokwayo.” Yathi, “Uya kusoloko unengeceba.”

7 Ndathi, “Ndibe nawo ukususela ndinemyaka emibini ubudala, oko kusuka kwelinye.”

8 UMZalwana uRoberson emva phaya, ndamtsalela umnxeba kwaye ndandimxelela malunga nayo. Wathi, “Ungayikhathaleli loo nto,” wathi, “Ndineeponti ezimbini okanye ezintathu kum,” watsho. Uligqala elisuka emfazweni. “Ke oko akuyi kwenzakalisa, ndinento eninzi yako.”

9 Kwaye ndikhumbula umbono weNkosi kungekudala. Nisakhumbula ndinixelela ngawo apha? Ubumnandi beNkosi ngalaa ntsasa, wathi, “Musa ukoyika nantoni na, naphi na apho uya kuya khona, okanye nantoni, kuba uBukho bukaYesu Kristu obungasoze busilele bunawe naphi na apho uya khona.” Ke akanako, uSathana akanako ukundibulala ade uThixo athi “kuphelile.” Yabona? Usenokuzama oko, kodwa akanakuze aphumelele ekwenzeni oko.

10 Ke ngoko, into engaqhelekanga, ndandiqhubeka nakanjani na, ndiqhubeka ndisiya kumhlangano wam, endandinako ukubona kweli liso lasekhohlo kakuhle, kwaye ndandisiya kumhlangano nakanjani na. Kwaye ngoko bona, umzalwana lowo owayesiya kwindawo yocino lwamaNdiya, kwafuneka awurhoxise loo mhlango, okanye uhlehliswe, ndide ndibuyele emva kuNxweme lwaseNtshona kwaye ndinyuke ndiye kuNxweme lwaseNtshona. Ke siyakuthabatha umhlangano phaya. Kwaye ngeli xesha, uMzalwana u-Arganbright uye wandibamba, kwaye ngoko xana laa mhlango uphelele, ndiyahamba nam ndinyukela e-Anchorage, e-Alaska. Isizathu sokuba ndixhomekeke kakhulu . . .

11 Abaninzi beno bayawukhumbula umbono lowo endawubonayo, apho ndandidubule ibhere elingwevu, ibhere elingwevu lizinyawo ezilithoba, (kwaye ibandla liyandikhumbula ndiyixela apha), inyamakazi enkulu enempondo ezimbaxa ixhama elinempondo ezimbaxa. Ndibe nomnye. Khumbulani ukuba iseteyiphini apha, ndabona ibhere elikhulu elimdaka ngebala. Leyo inokuba yiKodiak kwaye ibingazukusebenza ezantsi phaya eCanada, kuba azikho phaya, uyabona. Kodwa naphi na apho iya kuba khona, iya kuba khona. Iya kuba khona, lowo ngu-ITSHO INKOSI. Iya kuba khona. Yabona?

12 Kwaye ngoko ndiyanibulela ngokundithandazela. Bendisazi ukuba uninzi lwenu luya kube luthandaza xana lusiva ukuba

ndiye ndonzakala. Kwaye iqela elinye elincinane elo nje... Intombi yam emva phaya, uRebekah, yabhalela uDade uDauch lowo uzayo apha ebandleni, incwadi, waze wamxelela malunga nayo. Kwaye watsalela umnxeba uMeda kubusuku obumbalwa emva koko, wathi, “Andazi nokuba yanceda na okanye hayi, kodwa sonke thina siliqela apha sihlanganisene kunye.” Umlungiseleli wamaWisile kunye—kunye noMzalwana uBrown, isizalwana sabo nabo bonke bahlanganisana kunye, bandithandazela ubusuku bonke. Wathi, “Andazi nokuba uThixo weva okanye hayi, kodwa, besisazi ukuba uMzalwana uBranham wathandaza ngenxa yabaninzi kakhulu, sacinga ukuba siyakuthandaza ngenxa yakhe.” Olo luhlobo olo Aluvayo, yabona. Kunjalo oko, olo hlobo lunjalo!

¹³ UMzalwana uCrase, omnye wabazalwana bethu apha, uSathana emva kwakhe kutsha nje, wabetha umjelo, owu, isuke nje yanqumla eyakhe. . . ngokupheleleyo. Andiboni ukuba waphuma njani kuyo ephila. Kwaye ke wayelele phandle phaya esibhedlele kwaye wathi kwakukho umzalwana omncinane owayengena evela eNew Albany, ogama linguMedcalf, kwaye wathi, “Mzalwana uCrase, andi—andi—andifanelekanga ukuba ndize ndikuthandazele, kodwa,” wathi, “iNkosi nje iyibeke entliziyweni yam, ke andikhange ndikwazi ukuyinceda lonto.” Kwaye waphuma nje waguqa phantsi, kwaye watsho umthandazo omncinane waze waphuma. UThixo wamphilisa uMzalwana uCrase kanye phaya. Yabona? Xana, yabona, sisipho sempiliso eMzimbeni kaKristu, uyabona, ilungu elinye kwelinye.

¹⁴ Musa ukucinga ngenxa yokuba ulilungu nje eliqhelekileyo; ukuba, ulilungu nje kanye njengaye nabani na ongomnye. Oko kufana kanye nomnwe wam njengoko le ngalo iyingalo yam, okanye le ndlebe yindlebe yam. Yabona? Lilungu nje lomzimba. Kwaye thina sonke. . . ukuba ilungu elinye liva ubunzima, onke amalungu ava ubunzima kunye nalo. Umanyano, olunjani umnanyano olusikelelekileyo! Ngoku ndi. . .

¹⁵ Ngoko emva koko, ngoku, ndiye ndathabatha eminye iimihlangano engakumbi kwaye ndashiya ixesha elincinane phaya ukwenzela ubusuku kwakhona kunye nomnquba, ukuba iNkosi ithandile. Kwaye, ukuba uThixo uthandile, ngale ntsasa yeCawa elandelayo Ndifuna ukuthetha ngo*Mzila woMprofeti*, ukuze ngoko, emnqubeni.

¹⁶ Ngomso ebusuku, okanye ngobusuku beCawe, ndilapha phezulu kuMnquba weVangeli, omnye wabazalwana bethu, uMzalwana uRuddell. Ndifuna ukuthetha ngesihloko, *UkuKhulula UMphunga*, ukuba iNkosi ithandile.

¹⁷ Kwaye ngoLwesibini olandelayo, kufuneka sihambe ngoko siye eWisconsin, kunye nentlanganiso yengingqi yaMadoda angooSomashishini beFull Gospel. Kwaye ndiza kuba phaya ubusuku obuthathu. Kulapho kwi. . . Billy, lithini igama lesa

sixeko? Yamkelwe... [UMzalwana uBilly Paul uthi, “YiGreen Lake.”—Mhl.] IGreen Lake, eWisconsin. [“NgoLwesine.”] Nini? [“NgoLwesine, uLwesihlanu, nangoMgqibelo; oweshumi elinesixhenxe ukuya koweshumi elinesithoba.”] NgoLwesine, Lwesihlanu, nangoMgqibelo; oweshumi elinesixhenxe, oweshumi elinesibhozo, noweshumi elinesithoba, eGreen Lake, eWisconsin, kwintlanganiso yengingqi.

¹⁸ Ukuze ngoko ngeCawe, yamashumi amabini, ndiseChicago kwiholo yeSikolo samaBanga aPhakamileyo, kwaloo holo inye leyo sasikuyo kwilixa elidlulileyo. Uyalikhumbula ukuba lithini elaa gama? [UMzalwana uBilly Paul uthi, “UStephen Mather.”—Mhl.] Iholo leSikolo samaBanga aPhakamileyo iStephen Mather, ngeCawe emva kwemini.

¹⁹ Emvo koko ngoMvulo ndiya kube ndiphaya e... ndiyalilibala igama lendawo apho iNkosi yandibonisa khona inkomfa ngelaa xesha malunga noMbutho wabaLungiseleli baseChicago, behlangana nam ukuba sixoxe ngemixholo, niyazi. Ndathi, “Kwaye iNkosi yandibonisa ngaphaya kulaa ndawo.” Ngumhlangano kandlela-ntle kuMzalwana uJoseph Boze, oyakuba lapha ngomso ngenqwelomoya ukuza kundibona, kunye nethoko lokuthi ndlela ntle kuye ngoMvulo.

²⁰ Emva koko siza kanye ngqo ekhaya kwaye sihambe ngoko, kuba iya kuba lixesha ngoko lokuhamba ukuya eSouthern Pines, iSouth Carolina, okanye iNorth Carolina. Kwaye ngoko ezantsi ukuya eColumbus, eMzantsi Carolina. Kwaye emva koko ukuya kwiCow Palace kuNxweme lwaseNtshona. Kwaye ngoko ukunyuka ukuya kwiGrass City, kwaye ukunyuka ukuya eSpokane, njalo ukuya eCanada, kuze ngoko kube yi-Alaska. Ke yibani semthandazweni ngenxa yethu, siyayidinga ngokwenene imithandazo yenu.

²¹ Kwaye sifundisiwe eSibhalweni ukuba zonke izinto zisebenzelisana kokulungileyo kwabo bamthandayo uThixo. Kwaye ndiyakholwa, ukusukela koku, nokubona ukunyaniseka kwabantu na njalo njalo... Omnye umntu wathi, “Yayiza kwenzeka njani lonto, kwaye uThixo angakuvumela njani oko?” Bendisenokubulawa endleleni ndisiya phandle phaya, into ethile okanye enye, Wa—Wayenento yokuyigqithisa. Khumbulani, iZibhalo azinakusilela, “Zonke izinto zisebenzelisana kokulungileyo kwabo bamthandayo uThixo.” Kwaye, ukuba ndiyayazi intliziyo yam, ndiyaMthanda. Ndi—ndiyaMthanda ngentliziyo yam yonke. Kwaye isisondeza kancinane kunye.

²² Kwaye, ukucinga ngoku, ukuba wonke umntu ovileyo ngayo, abanakho ukuqonda kanjani ukuba ndibe ndisenayo nentloko okanye amagxa aseleyo, uyabona, kwaye ndihleli kuko konke okwa kuqhushumba. Oko, *oku* kufutshane kum, okunokuba mhlawumbi kufutshane namawaka amabini eeponti zokuqhushumba kanye ebusweni bakho. Yabona, oko kwanele

nje ukukuphasalakisa, yabona, ukutshayela nje kuphele. Ukuba kuthe kwagqabhuzela laa mpu wentsimbi enzima kwaye kwavuthela loo mbhobho ukuya kumgca wamamashumi amahlanu emitha, kwaye—kwaye isitokhwe, kufuneka nje ubone umpu. Awukhangeleki nje njengompu, ziziqwenga nje ezicholiweyo.

²³ Kwaye ngoko, ngaphandle koko, ngaphandle kwesiphako esinye. Udumo malube kuThixo ophilileyo! Nje okwaneleyo ukundithintela ukuba ndingenyukeli phaya de kufike ilizwi elivela ku-Eddie lokuba bendingatlanga ukuza ngelaa xesha. “Ubabalo olumangalisayo, esinjani ukubamandi isandi, eso sisindise usizana olunjengam!” Kwaye kusenza ukuba sikwazi ukuba, ukumxabisa uThixo ngokuba kunye nathi. UThixo ukunye nathi, kwaye indlela esinombulelo ngayo!

²⁴ Ngoku, benditshilo ngale ntsasa bendiya kuhla, ngoko umzalwana othandekayo apha xana ndibuya... Ndiye ndathi kuDade Wood namhlanje, ndiyaqikelela ukuba uMzalwana uNeville... UBilly unditsalele umxeba waze wathi, “Phulaphula umyalezo ukuba unako.” Kwaye ndiyakhohla ukuba iqhekezana laloo ntsimbi liye leza laza langena phantsi kweliso lam phaya, ngokwenene ibindinika indlela embi ukuya, kodwa iphumile ngoku. Bayihlambile. Kwaye ke ngoko wathi... Ngokuhlwanje bendicinga ukuba ndiyakuhla, kwaye laa mzalwana uxabisekileyo mhlawumbi eshumayela ngolo hlobo, Ndiyazi ukuba yintoni na xana unenkonzo enye enkulu ngoko ubasisitshotho ngenene, uyazi, kwaye—kwaye umpimbo ovuthayo kwaye ubuhlungu. Ke ndiye ndacinga ukuba ndizakuhla, ndaze ndachola iZibhalo ezimbalwa ukufunda. Ndacinga, “Ubusuku bomthendeleko.”

Ndisoloko ndifuna ukuthabatha umthendeleko.

²⁵ Ngoko ndina bahlobo abaliqela, balapha ndaweni ithile. Andiboni kakuhle, njengoko niqonda. Liseneyeza ibelladona kwela mehlo elandileyo, uhlobo nje lokufiphala. Kwaye ke balapha, abahlobo nezalamane bomzalwana wam oxabisekileyo olungileyo, uF. F. Bosworth, eBuqaqawulini. Ke iNkosi ibasikelele abo bantu, kwafuneka nje sibathandazele kwigumbi elingemva.

²⁶ Ngoku, ningalibali, ngoLwesithathu ebusuku ngumhlangano wethu womthandazo wombindi weveki. Kwaye ndiyacinga, uMzalwana uJackson, owakhe ungoLwesine ebusuku. Kwaye uMzalwana uJunior phezulu apha ungo... Okanye, uMzalwana uRuddell ungoLwesithathu ebusuku. Kwaye kumnquba e-Utica ungoLwesithathu. [UMzalwana uNeville uthi, “OkokungoLwesine ebusuku.”—Mhl.] NgoLwesine ebusuku. Kwaye emva koko ndibuyele apha kusasa ngeCawe kwinkonzo yebandla.

27 Kwaye ngoko ngoku, kwaye ngobusuku beCawe ndimelwe kukuba kunye noMzalwana uRuddell. Bendiya kuyenza ngobusuku bangoLwesithathu, kodwa, kwiveki elandelayo, kodwa andinakuyenza loo nto, ke kwafuneka ndiyibeke ngeCawe ebusuku. Kodwa ngoku abantu abalapha emnqubeni, hlalani kanye apha emnqubeni, yabona, kuba ndiya kunyuka ndisiya kwaMzalwana uRuddell ngobo busuku ukuya kuthetha nje, hayi ngenxa yenkonzo yempiliso. Kwaye, kodwa khumbulani, hlalani kanye kwindawo yomsebenzi, kanye apha emnqubeni. Le yindawo yenu, yabona. Kwaye ke siyakulindela ixesha elilungileyo. Kwaye ngoko nonke sithandazeleni njengoko siqhubeka.

28 Sithemba ukuba uThixo uyakuhlangana nathi ngokuhlwanje ngoku nje ngaphambi komthendeleko. Kwaye ngoku ndiyacinga . . . Ingaba yiloo nto kuphela esinayo, izaziso, ezo sizaziyo? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku, ukubeka indlela . . . [“Umngcwabo, emva kwemini ngomso.”] Yintoni, mzalwana? [“Umngcwabo, ngomso emva kwemini, ngentsimbi yesibini.”] Umngcwabo. [“E-Edmonton. Umama ka J. T.”] Owu, ewe. Umngcwabo ka . . . omnye wabazalwana bethu abavangeli osuka kulo mnquba apha uye nje . . . Ke, ungomnye wethu apha. Uyaphuma aze aluse kwaye ashumayele, uMzalwana uJ. T. Parnell. Umama wakhe omncinane oxabisekileyo wafa ngobunye ubusuku, omncinane, ogobileyo, umama ongwevu. Kwaye iyakuba se-Edmonton, eKentucky. Inkonzo yomngcwabo ingomso. Ndiyazi ukuba abaninzi benu bayazibuza, singamfumanela iintyatyambo yena, kodwa asikwazanga. Kwaye ekuphela kwendlela ibandla elifumana ngayo inkatha yeentyatyambo phaya, kwafuneka ukuba basitsalele umxeba baze bavumele unoposi ukuba ayikhuphe. Kwaye kuyakufuneka ukuba iphume ngomso, nokuba ifike phaya okanye hayi, iintyatyambo, ke yenza kube nzima. Kodwa ngokuqinisekileyo sifuna ukwabelana ngovelwano, mzalwana, kunye noMzalwana wethu uParnell elahlekelwe ngumama wakhe, nto leyo, ndiyenzileyo ngokufanayo kwakutsha nje. Kwaye ndiqinisekile ukuba uDade uSpencer nabanye abaninzi apha ababelana ngovelwano, nabo, abasandula nje ukuhamba ezithunzini kunye neentsizi.

29 Ngoku masithobiseni iintloko zethu nje okomzuzwana, kuBukho Bakhe, ngenxa yomthandazo. Ngoku ndifuna ukuba nindithandazele. Kwaye kuluhlobo olunzima apha ngokuhlwanje, ndizama ukubona, kwaye oku kukhanya kuyafiphala. Kwaye—kwaye iliso lam lilungile, kodwa bafake iyeza ibelladona ethile kulo ukuze balivule. Niyazi ukuba yintoni lonto. Kwaye lube ngalo ndlela malunga neentsuku ezintandathu ngoku, yabona, kwaye wathi ingahlala enye iveki okanye iintsuku ezilishumi. Ke nindithandazele. Kwaye ke imvokotheko isuka kulo mboko nxamnye neendonga,

nindithandazele. Kwaye ndingasibona isandla sakho, kwaye uThixo, njengoko unesicelo nje phakamisa isandla sakho. UThixo, uphendula umthandazo, njengoko sihlanganisana ngokundilisekileyo kwaye sithobile ngoku.

³⁰ Bawo wethu oseZulwini, Wena wanyulile ukuba sihlanganisane ndawonye. Kuyintando kaThixo ukuba sihlanganisane kunye njengoko sibona uSuku lusondela, kwaye oko rhoqo, Nkosi, ukuzisondeza ngokwethu kuWe kwaye nakufutshane omnye komnye, kwikhonkco lobudlelwane, ngeGazi likaYesu elaphalazwayo elo lenza ukuba oko kwenzeke.

³¹ Sinombulelo kakhulu ngokuhlwanje, Nkosi. A—a— andizange ndibe nombulelo omkhulu ukuba—ukuba lapha, Nkosi, kwaye ndi—ndinombulelo kakhulu nje kuWe. Andinako nje ukufumana amazwi okuphuhlisa indlela endinombulelo ngayo ukubona ngamehlo kunye nokuva, kwaye nokuba phakathi kwabaphilayo apha emhlabeni, nokuqhubela iVangeli phambili. Kusenxa sibe noxabiso kakhulu, Nkosi, xana sibona indlela okusondele ngayo oko kuphela... Xana amadoda okuqonda okukhulu ekwempha intloko kwaye athi, “Inokuthini ukubanjalo? Kuphela isandla sikaThixo!” Ngoko ndithoba intloko yam ngokuzithoba, Nkosi, ukubona ukuba ummangaliso ndawuphiwa, ukuba wenziwa khona apho umkhonzi Wakho wayemi khona. Ndinombulelo kakhulu. Kwaye ngoku, Bawo, ndinikezela ubomi bam ekukhonzeni kuWe kwakhona, emva kokuhamba ezantsi phaya. Awunakuze ube sebomini kufutshane nokufa kunangoko, uze ngoku uphile. Ke ndinombulelo.

³² Kwaye ngoku ndithandazela bonke aba bantu baphakamise izandla zabo ngokuhlwanje, ngamnye kubo unesicelo. Kwaye abaninzi babo banombulelo, phantse bonke, Nkosi, ezintliziyweni zabo, ngenxa yoko Wena ubenzele kona kanaanjalo.

³³ Ngoku size ngokuhlwanje ukuza kuhlanganisana ngesona siganeko sikhethekileyo, oko kukuthi, ukuthabatha lonto esiyibiza ngokuba ngu “mthendeleko,” okanye, i “Sidlo seNkosi sangokuhlwa.” *Ukuncokola* ku “kukudlelana kunye, okanye ukuncokola kunye.” Kwaye yiloo nto esiyenzayo ngoku, Nkosi, sincokola neNkosi yethu, sincokola, ukuthetha, silindele kuYe impendulo Yakhe.

³⁴ Kwaye ngoku, Bawo, siyathandaza ukuba Uyakubuya uncokole nathi ngokuhlwanje ngeLizwi elibhaliweyo. Kwaye usinike into ezintliziyweni zethu, uzinzise olwethu—olwethu—olwethu uhambo, Nkosi, kwaye usinike ukomelela okutsha. Kwaye sikelela umalusi wethu, Nkosi, umzalwana wethu oxabisekileyo, umkhonzi Wakho, kunye nonkosikazi wakhe nosapho; mnamadikoni nabathenjwa, naye wonke umntu lowo uzayo abandleni. Owu Thixo, sisondeze kufutshane naWe. Yanga kungakho, njengoko imbongi yathi, “Malisikelelwe iqhina

elibopha iintliziyo zethu kuthando lobuKristu. Ubudlelwane bethu bengqondo ehlobeneyo bufana nobuya baphezulu.” Siph oko, Nkosi. Sikelela bonke abanye abanquli ukunqumla ihlabathi liphela. Kwaye ngoku, Bawo, qhekeza iSonka soBomi njengokuba silindele kuWe. EGameni likaYesu Kristu, uMntwana Wakho oyintanda, siyakucela oko. Amen.

³⁵ Ngoku, abantu abaninzi bayathanda ukuphawula phantsi amazwi apho umlungiseleli anokufunda khona. Kwaye ndine . . . Ngale njikalanga emva kokuba bendiphumile noMzalwana kunye noDade uWood, kwaye besisezantsi ukuya kubona uMzalwana wethu uGobel Roberson, kwaye ke saba, kwigumbi lakhe lomboniso, ke sabuya, kwaye ndacinga . . . Bona . . . UDade Wood ubendixelela onjani ukumangalisa umyalezo abenawo umalusi wethu ngale ntsasa. Kwaye kuyekwenzeka nje ndacinga ngomfo omncinane olusizana, onokuba nomphimbo obuhlungu, kwaye ndinawo nam, Kodwa ndi—ndiye ndacinga ukuba singabelana ngale nto kunye, mhlawumbi, ukuba undicele ukuba ndithethe. Kwaye ndawisa amanqaku ambalwa apha lawo endiyakuthanda ukuthetha ngawo.

³⁶ Okokuqala, makhe sityhile kweyesiBini yabaseKorinte 6:7 ukuya kowe-10. EyokuQala yabaseKorinte, isahluko se-6, umqolo we-7 kunye nowe-10, equkayo. Kwaye ngoku iGenesis 14:18 ukuya kowe-19. Kwaye nditsale ukusuka phaya, iNkosi ithandile, umxho- . . . okanye umxholo ophuma kwisiqendwana. Kwaye ngoku ndizakufunda ukusuka kuQala . . . okanye kweyesiBini yabaseKorinte, eyokuqala, eyesiBini yabaseKorinte 6:7 ukuya kowe-10.

Ngelizwi lenyaniso, ngamandla kaThixo, ngesikrweqe sobulungisa ngasekunene nangasekhohlo,

Ngembeko . . . ihlazo, kwaye ngengxelo embi nangengxelo elungileyo: njengabakhohlisi, kwaye kananjalo bengabe nyani;

Njengabangaziwayo, . . . ukanti bayaziwa kakuhle; njengabafayo, kwaye, khangela, singababudlayo ubomi; njengabohlawwayo, kwaye asibulawa;

Njengababuhlungu, ukanti sihlala sivuya; njengabangamahlwempu, ukanti senza abaninzi izityebi; kwaye singenanto, kananjalo sinezinto zonke.

UGenesis 14:18 nowe-19.

Kwaye uMelkisedeke ukumkani waseSalem wezisa isonka kunye newayini: kwaye wayengumbingeleli wosenyangweni . . .

Kwaye wamsikelela u-Abraham, kwaye wathi, Makasikelelwe u-Abraham woThixo osenyangweni, umninimazulu nomhlaba:

³⁷ Kwaye ukuba ndingayibiza ngokuba sisihloko, ndingathanda ukuthetha ngesiqendwana, u... *Ukuba Nezinto Zonke*. Njengoko kwabaseKorinte apha, thina... Yathi ukuba singa—singamahlwempu, ukanti sinezinto zonke. *Ukuba Nezinto Zonke*. Ngoku, ndiyayithanda loo nto. Ngoku kwiGenesis sifunda ngo-Abraham ehlangana nale Ndoda inkulu ebizwa ngokuba nguMelkitsedeki, Lowo wayenguMnini wako kokubini iZulu kunye nomhlaba. Ngoko, Waye nguMnini wazo zonke izinto, uMnini weZulu kunye nomhlaba, lowo, wezinto zonke.

³⁸ Ngoku, siyalazi ibali lika-Abraham nento eyenzekayo. Waye bizelwe kwi—kwindawo yomsebenzi. Wayebizwe ukuba aphume elizweni lakhe, elizweni lamaKaledi, nakwisixeko sase-Ure, apho wayekhona phaya noyise kunye nabantu bakowabo. Kwaye apho kusezantsi kwiintlambo zaseShinare, mhlawumbi umhlaba otyebileyo ochumayo. Kwaye u-Abraham, njengoko siqonda, wayengenguye namntu okhethekileyo kumehlo ehlabathi. Kwaye ngenye indlela, wayengenguye ukumkani, okanye inkosi, okanye umbusi. Wayeyindoda nje. Kwaye wayetshate udade wabo ngokusiqingatha, lowo wayenguSarah, kwaye mhlawumbi wamtshata esengumfazi oselula. Kwaye uThixo wambiza eneminyaka engamashumi asixhenxe anesihlanu ubudala, kubomi bentsebenzo, kwaye kanaanalo yayiquka nomncedi wakhe.

³⁹ Kwaye apha kanye sinokuqalisa. Ndiyakholwa ukuba xana uThixo ebizela indoda enkonzweni, ukuba yindoda etshatileyo kwaye inomncedi, Ubiza umfazi wayo kunye nayo, ngokuba abo babini banye. Kwaye ke, naphina, sifumana kamva ukuba uThixo ngewayembulele uSara xana wathandabuza umyalezo weNgelosi, kumashumi amabini anesihlanu eminyaka kamva, xana babehleli phantsi komthi wom oki ngaloo mini, kodwa xana yena wahlekayo xana iNgelosi yamxelelayo, okanye yaxelela u-Abraham ukuba yena wayeyakuba ngumama, kwaye uSara wahleka ngaphakathi kwakhe waze wathi, “Ndingayenza njani lonto, ndaluphele?” Iminyaka engamashumi alithoba ubudala, kwaye umyeni wakhe iminyaka elikhulu ubudala. Yakhe... isizalo sakhe sele somile iminyaka, kwaye umzimba wakhe wawunjengofileyo. Ngoko wayengathini ukubuya aziyolise nomyeni wakhe kwakhona? Kwaye wahlekela kuye.

⁴⁰ Kwaye iNgelosi, ngomqolo Wayo ifulathele intente, yathi, “Kutheni ukuze uSarah ahleke?”

⁴¹ Kwaye wakukhanyela oko. Ngoku, oko kukuxelela uThixo ebusweni Bakhe ukuba U “phosile.” Yabona? Kwaye oko ngekwathabatha ubomi bakhe, kodwa uThixo wayengenakumthabatha uSarah, ngokuba wayeyinxalenye ka-Abraham. Yabona? Kwaye yena wayekumnqophiso kunye naye, ke kwafuneka ukuba ahambe kunye naye. Ke Wayengenako ukumthabatha u-Abraham... okanye athabathe uSarah,

ngaphandle kokuthabatha inxalenye ka-Abraham, ngokuba aba babini banye.

⁴² Umzekeliso omhle wethu namhlanje, esingafanelekanga, sifanelwe kukufa xana sisona, kodwa uThixo akanakusibulala, ngokuba Ebeya . . . siyinxalenye kaKristu. Yabona? Olo lubabalo lwethu, ngokuba sikumanyano noKristu. Ingaba asiyongcinga entle leyo, ukumanyana noKristu? Ke ngoko, izono zethu, xana sizenza, sifanele sizivume ngokukhawuleza, ukuba “azilunganga,” ngokuba uThixo uya kubuthabatha ubomi bethu. Kodwa iGazi liyaphendula endaweni yethu, kwaye uThixo akanako nje ukunqumla elaa Gazi. Yabona? Akanakuyenza nje loo nto, ngokuba sisithembiso eso sokuba Akayi kuyenza lonto. Ke Akanako ukusophula isithembiso EsiseSakhe. Yabona? Ke uThixo uzifumene ngoKwakhe, njengokuba sasinjalo, wasithunga. Yabona, Akanakusaphula isithembiso Sakhe. Kwaye WasiThembisa ngelaa Gazi, nabani na okholwayo unoBomi obunguNaphakade, kwaye Akanakusaphula esa sithembiso.

⁴³ Ke sifumana ukuba u-Abraham, ekuthobeleni, walishiya ikhaya lakhe, walishiya ilizwe lakhe, kwaye wohlulwa ukusuka kuyo yonke into, yonke impahla yakhe yasemhlabeni, ukuya kwilizwe lasenzini, ephambukela. Umfuziselo weBandla. Sacelwa ukuba silahle yonke into esehlabathini, ukuze silandele uKristu.

⁴⁴ Ngoku, sifumana u-Abraham elandela eqhubeka, unyaka emva konyaka. Kwaye wathabatha isabelo esithile kunye naye, lowo yayinguyise, waze wafa kanye ngoko. Kwaze emva koko wathabatha umtshana wakhe, lowo yayinguLote, kwaye uLote wazahlula ukusuka ekuxambulisaneni, kwaye wehla waya kuphila eSodom, kananjalo wayeyinxalenye ka-Abraham. Kwaye uThixo walinika ilizwe nako konke oko b kwakuselizweni, ku-Abraham, walidla ilifa lonke. UThixo wathi, “Khangela empumalanga, entshonalanga, entla, nasemzantsi, kwaye konke okwalo kokwakho nembewu yakho emva kwakho. Konke kokwakho!”

⁴⁵ Ngoku, ngenye imini u-Abraham wabanayo ngohlobo olurhabaxa, kwaye uLote wayenayo lula, ebhadula esonweni. Indlela ekulula ngayo kwaye indlela esikholisa ngayo isono ukubonakala sikuko, kwaye indlela esibonakala simsulwa ngayo. Ngoku, ukuba uLote utsho oku, “Okoko nje ndikholwa! Ndiyakholwa kuThixo, ke kutheni ndingenako ukuhla ndiye apha eSodom, kwaye—kwaye kuya kulunga. Ndilikholwa.” Kodwa yayingalunganga kwaphela lonto.

⁴⁶ Yabona, uThixo, xana Wabiza u-Abraham, Wambiza ukuba azahlule ukusuka kuyo yonke into. Kwaye yiloo nto esifanele ukuyenza. UThixo usibizela ekwahlukaneni okugqibeleleyo ukusuka esonweni, “Phumani nisuke phakathi

kwaso, musani ukuba ngamadlelane aso!” Siphephe sona, kwa ukubonakala kobubi. Ukwahlukana, ukubhangiswa ngokugqibeleleyo ukusuka kubo! Hlala ukude lee ukusuka kubo. Musa ukunyathela phezu kweendawo zaso, kungakhathaliseki nokuba—nokuba bona . . . bukhangeleka bubuhle kangakanani.

⁴⁷ Nina bantu, ninokucinga apha ngoku, nantsi apho ikhoyo, “Mzalwana uBranham, ndi—ndi ngamanye amaxesha ndiye ndihendeke ekubeni ndibe, okanye ngamanye amaxesha ndihendelwa ukubeni nditshaye.” Okanye ngamanye amaxesha abafazi bayacinga, “Ndihendelwa ekubeni ndinxibe njengabantu behlabathi, uyazi, iimpahla zokuziphatha kakubi kunye nezinto. Ndiyahendwa,” amanekazi aselula. Ngoku, ucinga ukuba oko kuyahenda, uthini malunga nangapha apho unomnyakazo wonke omncinane ekumele ukuba uwukhangele, uyabona, kulungiselelo. Enjani ukuba nkulu into eyiyo ngapha, kwaye yintoni abaya kufuneka bephendule ngayo ngakumbi. Ngokuba, nimelwe kukuphendula ngenxa yemiphefumlo yenu, kodwa kumelwe siphendule ngenxa yomntu wonke esithetha kuye. Yabona? Ke uSathana nje ngokuqhubelekayo . . . Apho uya kuthi, wena: “Ingaba leya asiyolokhwe entle encinane? Kuphosakele konke ukuyinxiba, kodwa ingaba ayintle na? Iyakundilingana nje kakuhle.” Iphi apho ikhoyo kum . . . Ngoku, ukuba, niyazi akulunganga oko. Kodwa kumlungiseleli yi, “Kufuneka uye kulo mhlango apha, le yiyo kanye nje. Bathi inkulu kakhulu, ibandl . . .” Kwaye nangoko kufuneka ulinde kwaye uve uThixo esithi “hamba,” yabona. “Owu, ungaya ngapha njani kwaye ubone lomntu apha? Lo ngo *nje-na-nje*.” Kwaye kufuneka ukhangele, lumka. Yabona? Owu, ikhohlakele kakhulu. Kwaye ngoku kufuneka sikhangele ezo zinto.

⁴⁸ Ngoku, u-Abraham kwafuneka akhangele, naye. Kodwa yena, endaweni yokuba ehle ukuya eSodom kunye noLote, wazahlula waze wenyuka waya entlanga, wathabatha indlela kunye nabambalwa abadeliweyo beNkosi. Oko kufanele kube sisimilo sethu. Thabatha indlela kunye nabantu bakaThixo nokuba inzima okanye ilula, hamba nakanjani na. Zilungiselele ukuhamba nangaliphi na ixesha, ngoku, naphina apho Anokukubizela khona.

⁴⁹ Ngoku, emva kokuba oku kuze, ngoko phaya—phaya kweza ukumkani lowo wahamba emendweni wemfazwe kunye nesizwe esincinane sabantu phezulu phaya, kwaye watshayela ukuhla ngentlambo waze wathabatha onke amaqela amancinane, izikumkani ezincinane ukuphuma, kwaye wathabatha, weza wangena eSodom waze wamthabatha ukumkani waseSodom nowaseGomora, wamthabatha uLote (umtshana ka-Abraham), umkakhe, iintombi zakhe, abantwana bakhe, nabo bonke, nempahla yabo yonke, nako konke ababenako, wahamba kanye waqhubeka wayophuma, ecoca ilizwe njengoko ehamba kulo. Owu, enjani ukoyikeka into, umvuzo wesono kukufa!

ULote waqaphela, akukho ntandabuzo, ehamba kanye phaya kwaye mhlawumbi nge—ngentambo okanye ityathanga lijikeleze intamo yakhe, njengekhoboka; abantwana bakhe, amatombazana aselula eya kudlwengulwa; kunye nenkosikazi yakhe, nayo yonke into, kwaye mhlawumbi bafe nangaliphi na ixesha wayengathobelanga ummiselo omnye, kwaye mhlawumbi esiya kungena kobunye ubukumkani ndaweni ithile ukuba abe likhoboka yonke imihla yakhe.

⁵⁰ Kodwa u-Abraham, xana efumanisa ukuba uLote uthatyathiwe, leyo yayiyinxalenye yempahla ka-Abraham. Kwaye u-Abraham wayenokuba wathetha oku, “Thixo, Wandixelele okokuba ukuba ndiyaKuthobela kwaye ndingene apha, kweli lizwe, Uyakukunika oku kum. Lelam. Kwaye uLote yinxalenye yoku, kwaye ndiyakulandela emva kwakhe.” Ke wabamisa, okanye wahlanganisa ndawonye abakhonzi bakhe, kwaye wabeka isikrweqe kubo. Kwaye wathabatha abakhonzi bakhe, kwaye wathabatha ephuma wade wasukela kwaye wamfumana lo kumkani nazo zonke ezi ezinye izikumkani ezincinane. Khangela ukuba babengumkhosi omkhulu kangakanani ngoko! Kodwa phantsi kolwalathiso lukaThixo, iNjengele eNkulu, wazahlula ngokwakhe, wabawela waza wababulala ookumkani, kwaye wambuyisa uLote nazo zonke izikumkani ezincinane, wazibuyisela umva kubo, kwilizwe labo kwakhona.

⁵¹ Onjani wona umfanekiso kaKristu ku-Abraham phaya, elandela emva kotshaba ebelithathe yonke into, kwaye uKristu weza wasibuyisela umva kwakhona.

⁵² Ngoku sifumana kweli bali likhulu ukuba u-Abraham, endleleni ebuyayo, ebuya emva kokuba uloyiso luphelile, wahlangana noMnini waMazulu kunye nomhlaba, uMelkisedeki, lowo onguKumkani waseYerusalem, UKumkani waseSalem, leyo yayiyiYerusalem, lowo onguKumkani woXolo, lowo onguKumkani woBulungisa. Wayengenayise, Engenanina, Akazange aqale kwaye Akasayi kuphela, ke lowo wayengowumbi ngaphandle kukaSomandla. Kwaye Wahlangana naye endleleni egodukayo, evela ekubulaweni kokumkani. Wadibana noMninizinto, Lowo Wayenazo zonke izinto wahlangana naye endleleni ebuyayo. Enjani yona ukuzuka into! Ngoku u-Abraham. . .

⁵³ Ndiyayithanda lento. U-Abraham waye yindlalifa kuko konke, ngokwedinga, ke ukuze abenakho ukubanga kuko konke oko kwakuselizweni, kunye nelizwe ngokwalo. U-Abraham wayenikwe idinga. Ngoku, siyaqonda ukuba u-Abraham wayeyeyona ndoda ihlwempuzekileyo kulo lonke ilizwe, ngokuba ebephila phandle entlango, kwaye ephila ngoxolo kunye noThixo. Kwaye uLote, esisityebi, ephila kwisixeko waze wabayirhuluneli yesixeko; wahlala esangweni, wayengumgwebi, kwaye egweba isixeko, kwaye enabo bonke

ubutyebi kunye nezinto. Kodwa u-Abraham wayesentlango, kwaye e...mhlawumbi eyona ndoda ilihlwempu elizweni, kwaye nangoko enobango lokudla ilifa konke. Amen! Yiloo nto endiyithandayo.

⁵⁴ Owu, ngokuhlwanje, sisenokungabi zizityebi kwizinto zeli hlabathi, kodwa sinazo zonke izinto. IBandla, ngoKwalo, linazo zonke izinto. Nongoko lilihlwempu, kananjalo lityebile kwaye linazo zonke izinto. Ndiyakuthanda oko. Yena...Si—sinjalo. Iculo lakudala esasadla ngokulicula eminyakeni eyadlulayo, “UBawo Wam usisityebi ngezindlu nemihlaba, Uphethe ubutyebi behlabathi esandleni Sakhe! Iikorale nedayimani, nesilivere kunye negolide, iingxowa Zakhe zizele, Unobutyebi obungaxelekiyo.” Kwaye singabaninizo, ngokuba singumntwana weKumkani. Amen. Umntwana usoloko esiba yindlalifa, siyazi. Kunjalo oko.

⁵⁵ U-Abraham wayenokuwuthabatha wona, ukanti elihlwempu, iinkomo zakhe zazilamba; uLote wathabatha owona mhlaba ungcono. Amanzi akhe ayengonelanga. Iimini ezishushu, kwaye abelusi babekhe basenkathazweni, kwaye yonke into yayikhangeleka ngokungathi ayimhambelanga kakuhle u-Abraham, ukanti wayengumnini zinto zonke kwaphela.

⁵⁶ Kwaye, namhlanje, ikholwa lokwenyani likhutshelwa ngaphandle ukusuka phakathi kwabantu, libizwa ngokuba “lingumbaxi, umqengqeleki ongewele,” okanye uhlobo oluthile lwegama lokuthuka, uhlobo oluthile lombaxi wezenkolo, kwaye nangoko uyindlalifa kuwo onke aMazulu kunye nomhlaba. “Banoyolo abanobulali, baya kuwudla ilifa umhlaba bona.” Owu, bethu! Thetha malunga ngokutyhalelwa ngaphandle kwendlu yezibonda okanye endaweni ithile, kwaye kunzima ngokwaneleyo nokuhlawula irenti yakho, nangoko kokwakho konke oko. Amen. Kufuneka usebenze kwaye ubulaleke kwaye ubile ngenxa yeedola ezimbalwa, ukuze wenze ukuphila okunyanisekileyo, ukuze ufake izihlangu ezinyaweni zabantwana bakho, nokondla imilomo yabo emincinane elambileyo, kwaye nangoko kokwakho, uyindlalifa yayo yonke okulapha. “Abanobulali baya kuwudla ilifa umhlaba bona.” Bayawuthimba wona. Owu, bethu, ndiyayithanda loo nto! UMnikazi womhlaba! Yintoni i? Ikholwa. Ikholwa linencwadi yobunini, incwadi esisigunyaziso, injalo loo nto, ngoYesu Kristu, ukuba “Liyakuba ngumnini wako konke okudaliweyo kuphela.” Kunjalo oko. “Abanobulali baya kuwudla ilifa umhlaba bona.”

⁵⁷ U-Abraham wayene—wayene, wayengalithimba elaa lizwe, ngokuba...kwaye yintoni eyayiphezu kwalo. UThixo wamnika lona. Kwaye uLote wayeyinxalenye yelaa lizwe. Ke u-Abraham wayenelungelo kulo. Wayenoku—wayenokubiza okanye alithabathe lona. Wathi, “Ngoku, Thixo, Wandenzela idinga, lokuba lonto elilizwe laliyiyo nako konke okukulo

yayikokwam, kwaye Wenza idinga. Ngoku isizalwana sam sithatyathiwe, kwaye nako konke esinako kuhambile.”

⁵⁸ Ngamanye amazwi, ukuba ndingakusebenzisa oko namhlanje, bendingathi, iBandla beliyakuthi, “Nkosi Thixo, nanku umzalwana wam, ulele apha, ubethwe ngumhlaza, ubethwe sisifo sephepha, unokuthile-no-kuthile. Ndibambe idinga, lilifa lam. U—Undixelele kanjalo!” Amen! Nantso ke. Ngoko, ngoko unganako ukulandela emva kolwa tshaba, laa mtyholi, kwaye ulubulale lona nje kanye njengoko u-Abraham wababulalayo ookumkani waza wakubuyisa umva okungokwakhe. Amen. Ndiyakuthanda oko. Kokwe kholwa oko.

⁵⁹ Kananjalo u-Abraham wayenelungelo kwidinga, kwaye idinga lalilelakhe, ukanti kwafuneka alwe ukuze alithimbe. Amen. Nantso ke. Ikhohla namhlanje, nangoko sizindlalifa kuzo zonke izinto, ukanti sizindlalifa kuzo zonke intsikelelo zomoya, zonke intsikelelo eziphathekayo, zonke intsikelelo iBhayibhile eyazithembisayo, nangoko kufuneka ulwele yonke i-intshi yazo. Leyo yindlela uThixo ayimise ngayo. Yasoloko imi ngaloo ndlela. Kumele ulwe ukuze uthimbe lonto oyaziyo ukuba iyeyakho. Kufuneka ulwe ukuze uyithimbe yona. Kwaye yiloo nto ekufanele siyenze ngoku.

⁶⁰ Uthi, “Mzalwana uBranham, ndidinga impiliso.”

⁶¹ Idinga lelakho. Kodwa, ukuba uyakuze ulifumane, awuzukulufumana lula, ndiya kukuxelela oko. Kuya kufuneka ukuba uluxuthe kuSathana. USathana uthimba impilo yakho, unelungelo lokuya ku—kuSathana, uthi, “Yibuyisele! Yinikezele! Ndiza eGameni leNkosi, uMnini Mazulu nomhlaba, kwaye ndiyindlalifa Yakhe. Yibuyisele! Uthabathe umntwana wam, umxubanise nenkwenkwe engalunganga. Uthabathe inkwenkwe yam wayixubanisa nentombazana engalunganga. Ndiyababanga! Injalo loo nto. Ndibanga abantwana bam, ndibanga umzalwana wam, ndibanga udade wethu. Ewe, Sathana, ubathabathe endlwini kaThixo, wabarhwebeshela phandle phaya, kodwa ndiza emva kwabo. Ndiyababanga.”

“Ke, wazi njani?”

⁶² “Ndiyindlalifa yezinto zonke. Amen. Zinikelwe kum. Ndiyindlalifa, ndingabanga yonke into uThixo andithembise yona.” Amen. Nantso ke. “Yeyam.” Uyifumana njani yona, into oyenzileyo? Hayi, mhlekazi. Sisipho esingasifanelwanga athe uThixo wasinike sona, kwaye sesethu, sesethu. USathana akanakusibamba ukuba uya kuye ngokwe—ngokweSibhalo esigunyazisiweyo seLizwi, ngokholo, ukuthi, “Yelam! Yibeke phantsi.” Amen. Uzuko! Ndiyakuthanda oko. “Sathana, yibeke phantsi. Uyithabathe isuka kum. Yibuyisela, ngokuba ndinikela isilumkiso kuwe. Ndinesilumkiso esibhaliweyo kanye apha eLizwini, ‘Amazulu nomhlaba aya kudlula, kodwa esi silumkiso asiyi kudlula.’ Ke ndiza nesi silumkiso, ukuze ndikunike sona,

ukuba uYesu Kristu wathi nantonina endiyicelayo kuBawo eGameni Lakhe Uyakundinika yona. Ukuba ndithe kule ntaba, ‘funquleka,’ kwaye ndingathandabuzi entliziyweni yam, kodwa ndikholwe ukuba oko ndikuthethileyo kuya kwenzeka, ndinganako ukufumana lonto endiyithethileyo. Yibeke phantsi!” Oko kumenza aqalise. Musa ukumenza aqalise, menze abaleke. “Yibeke phantsi, ngokuba ndize ngegunya leSibhalo. Ndilikholwa.” Uyayifumana? Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi.

⁶³ Yintoni ekwakufuneka ukuba ayenze kuqala, u-Abraham, ukuze enze oku? Kwafuneka alubeke ukhlo lwakhe phezu kwesiseko esilulwalwa oluquqilima lweLizwi likaThixo ledinga. Khangela, into enye kuphela awayenayo yayiligquba elincinane labakhonzi, mhlawumbi iqaqobana. Kwaye kwakukho mhlawumbi amadoda aliqela lamawaka amabini, axhobileyo. Kwaye amadoda akhe ayengengomajoni, yayingabakhonzi, amadoda wenkomo, amadoda wezimvu, abelusi; mhlawumbi iimela ezindala ezinomhlwa ezo ababezichole ndaweni ithile, kwaye zibekwe phezu kwi. . . gaphandle phaya, kwaye iimvula eziliqela zazine phezu kwazo, zazinomhlwa. Kodwa u-Abraham wayengakhangelanga kwimela enomhlwa, okanye hayi ikhaka konke konke. Wayebeke ukhlo lwakhe phezu kweLizwi likaThixo. Nantso ke. Oko koko kuyenzayo. Yiloo nto.

“Uya kulwa nabo njani xana ufika phaya?”

⁶⁴ “Oko ayikokwam. Okwam kukuba ndibeke ukhlo lwam kwinto uThixo ayithethileyo. Yeyam, ndilandela loo nto ekuyeyam.” Amen. Ngoku, xana abantu abagulayo benokuyibona loo nto, isigulo sele simalunga kanye nokuphela kanye ngoko. Yabona? Ngokuqinisekileyo.

⁶⁵ Xana umoni enokubona ukuba akufuneki ukuba wone! Abantu abaninzi, bayona ngokuba kufuneka bone. Oko kukumila okulusizi xana usithi wena “kufuneka wone.” Kodwa xana uqaphela ukuba akusekho mfuneko yokuba wone kwakhona! Kukho abantu abo basuka beme baze baqalekise kwaye bahleke ebusweni bakho, kwaye—kwaye bakubize “isidenge” nayo yonke enye into, bangaboni ngabom. Yabona, ngoko akusekho themba ngenxa yabo. Kodwa laa ndoda eyenza into rhoqo, abangafuniyo ukuyenza. U—uyeba, akafuni kwenjenjalo. Kwaye uyaxoka, akafuni kwenjenjalo. We—wenzela izinto a—angafuniyo ukuzenza, akafuni ukuba ngumoni. Kukho amathemba ngenxa yakhe ukuba unokumvumela abone ukuba yintoni na iNyaniso. Yabona? Yiza kwidinga likaThixo uze ubeke ukhlo lwakho kuloo nto, uze uhambe phandle phaya uye kutshaba. Akasayi nje lula ukulubamba kuphelele apho, kuphelele nje apho, ngokuba lelakho.

⁶⁶ Ngoku, makhe sikhangele kulo mfo ngoku. Apha u-Abraham wathi, “Ndiyindlalifa. Oku kokwam, yonke into ekwelilizwe

iyeyam. Ngokuba uThixo...Andikalifumani okwangoku.” Kodwa wayenalo, yayilelakhe, nakanjani na.

⁶⁷ Ngoku sizindlalifa zezinto zonke. Ingaba kunjalo oko? Sizindlalifa zezinto zonke. IBhayibhile isandula ukutsho njalo apha. Sizindlalifa zezinto zonke, yonke into. Asikabinalo okwangoku, kodwa lelethu. Amen. Owu, uzuko! Andinayo ne-intshi yomhlaba, kodwa ngowam wonke, nakanjani na. Ngokuqinisekileyo. Lelethu lonke, lelabantu, iBandla, amakholwa, uMthshakazi kaKristu lelakhe lonke isuntswana lalo. IRashiya iyalilwela, i-United States iyakulwela *oko*, kwaye *oku* kulwa ngenxa *yoku noku* nangaphaya, kwaye ngoko basibiza “abaphambeneyo.” Hlala nje ngxi, lelakho, nakanjani na. Amen. Bonke baya kuba zindlalifa kulo, nakanjani na, ke bayeke baxambulwane kwaye bavuthelane omnye nomnye. Lona lelethu. Thina singabo abo balifumanayo. Abanakuze nkqu balicinge, kodwa thina siyakwenza, nakanjani na. Yenza, nakanjani na!

⁶⁸ Ngubani owayenokucinga laa ndoda incinane ilihlwempu phezulu phaya, ezaa nkomo zincinane zibhityileyo, iinkomo ezingamathambo phezulu encotsheni yenduli, ngumnikazi wazo zonke? Yonke iPalestina yayiyeyakhe. Ewe, mhlekazi. Ke xana weza kwindawo leyo amanqam afikayo, uThixo wagqina ukuba wayenaye. Wathabatha ela qaqobana lamadoda amancinci ayengonelanga kwaye waphuma waya phaya wabulala ngamnye kubo, kwaye wayibuyisa impahla yakhe. Amen. Ndiyayithanda lo nto. Ngokuba? Wabeka ukholo lwakhe phezu kwedinga likaThixo loLwala. Kuthabatha loo nto. Akazange akhe esinye isiseko, hamba uzibandakanye nombutho okanye ufumane into efana nale. Wabeka ukholo lwakhe phezu kwelaa Dinga! Amen. Yiyo leyo, phezu kwelaa Dinga, kwaye phaya wangxisha esiya phambili! Ikrele elinomhlwa okanye ikrele elingenamhlwa, alenzanga mahluko kuye, wayenokholo lwakhe lubekwe phezu kweDinga.

⁶⁹ Kwaye xana usiza ukuba uthandazelwe, ukuba ufuna usindiso, ukuba ufuna impiliso eNgwele, akukhathaliseki nokuba yintoni na, ukuba ulikholwa, uyindlalifa yawo onke amadinga. Ngoko beka ukholo lwakho phezu kwedinga uze uxhishe usiya phambili, kwaye uxelele uSathana, “Libuyisele! Libuyisele! Lelam.” Musa ukumvumela akuqhathe. Yima kanye phaya emgceni, uya kulibuyisela. UThixo wathi uyakukwenza, ngoko umelwe kukuba akwenze oko. Ligunya lakho elo. Kunjalo oko, indlalifa yezinto zonke!

⁷⁰ Wahhlala kwesa siseko, iLizwi ledinga, kwaye wayenendlalifa. Wayeyindlalifa, ke wayeyazi loo nto. Kulungile, mhlekazi, emva kokuba idinga lingqinelwe kuye, waba nobudlelwane ngoko nomThembisi (ndiyayithanda loo nto) emva kokuba uThixo enze isithembiso. Kwaye ngoko, yabona, u-Abraham wayengazange abe novavanyo

ngaphambili, ke yena...lolwa hlobo. Ke wayesazi ukuba konke yayikokwakhe, kwaye eso yayisisithembiso, nangoko akazange akhe alwe nomkhosi. Wayengazi kwanto malunga nalonto. Wa—wayengeyondoda eyayiqeqeshelwe ukulwa. U-Abraham wayengengomlwi, wayengumfama. Kwaye u-Abraham wayengenakwenza nantoni na, ngokuba wa—wayengelilo ijoni. Amadoda akhe ayengengomajoni, ayengamafama. Ke inye kuphela into awayenokuyenza yayikukuthabatha nje idinga likaThixo, abeke ukholo lwakhe phezu kwedinga aze aphume, alulandele. Ngoko xana u-Abraham ekubona oko, waze wafumana eso sithembiso, waze wafumanisa ukuba uThixo ukungqinele oko kuye, ukuba Uyaligcina idinga Lakhe... Amen! Nantso ke apho ikhoyo.

⁷¹ Ukuba awuzange wamnkele uMoya oyiNgcwele okwangoku, awazi kwanto malunga naWo, kwaye into ethile entliziyweni yakho iyakuxelela ukuba uyaWufuna, uhlala kanye phaya. Obo buBomi obunguNaphakade, yiloo nto oyindlalifa kuyo. Hlala kanye phaya, kwaye ukhangele uSathana kanye ebusweni kwaye uthi, “Ungumphangi, unguye kanye! Ndizele ukuba ndithabathe loo nto uYesu Kristu wafa ngenxa yam ukuba ndibe nayo, ngoku yibuyisele umva! Suka endleleni yam!”

⁷² Ngoko, into yokuqala uyazi, uMoya oyiNgcwele uyakugaleleka phezu kwakho. Ngoko into ethile iyenzeka. Into iya kwenzeka. Yintoni leyo? UThixo uyangqinela Uyaligcina iLizwi Lakhe. Yiloo nto kanye. Ngoko, yabona, emva kokuba ulibonile iLizwi lingqinelwe kuwe, ukuba usindisiwe, unoMoya oyiNgcwele, ngoko kuthini? U-Abraham wayeluphumelele uloyiso, nanko esiza ebuya engxisha; wayesihla, nokholo lwakhe lubekwe phezu kweLizwi lokuba wayenokuyibuyisela umva, lonto wayelahlekelwe yiyo, kwaye nanko ebuya umva kunye nayo, engxisha ukungxisha komoyisi. Leyo yinto enye efanayo onokuyenza. Ukuba awunabo uBomi obunguNaphakade, cela uThixo. Vuma izono zakho, kholwa kuNyana kaThixo, yamkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kwaye uthi, “Thixo, ndiyeza ngenxa yaLo, ndilapha ukuba ndiLamkele.” Ngoko ubuya umva, ukungxisha komoyisi. UyaLufumana. Amen. Ukhanya nje, bethu, iintaka zicula ngokwahlukileyo, kwaye wonke umntu... Useluthandweni naye wonke umntu ngoko. Laa ntiyo yakudala, inkohlakalo, ingxabano iphelile. Thanda wonke umntu! Owu, unexesha nje elimnandi, ucula, ukhwaza, udumisa uThixo. Awukhathali ukuba nabani na uthini malunga nawe. Konke kulungile. Ngokuqinisekileyo, phezu kokungxisha komoyisi!

⁷³ Ngoko Ngubani ophumileyo ukuba ahlangane naye? Ngubani ophumileyo ukuba ahlangane naye? UMelkitsedeki. UMelkitsedeki waphuma ukuya kuhlanguana naye emva kokuba iLizwi lakhe lathi lathi langqinelwa. UMelkitsedeki nguye Lowo wamnika iLizwi. Ngoko wabeka elakhe iLizw-... ukholo

lwakhe kwiLizwi, wafumana uloyiso waza wabuyela umva, ngoko waba nobudlelwane. Amen. Ngoku, uyakwenza njalo, nawe. Owu, iLizwi Lakhe liyakuba yinto entsha kuwe, nanini na uthe wafumana ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Owu, bethu!

⁷⁴ Owu, uti, “Andinako ukuzibona ezi zinto. Andikholelwa ekukhwazeni. Andikholelwa ekuthetheni ngeelwimi. Andikholelwa kwimpiliso eNgcwele.” Lonto nje ibonisa ukuba awuzange ulufumane uloyiso. Kunjalo oko. Kodwa ngelinye ixesha nje ufumane uloyiso, ngoko ulufumene lona. Ngoko unalo lona. Ewe, mhlekazi, ngoko ungakhwaza. Ndi . . .

⁷⁵ Nikhe nabona ngaxesha lithile bendidla ngokucinga malunga ngokuxhentsa ukuMoya, ndibone umntu othile esima kwaye axhentse ekuMoya. Ngoku, ndikubonile ukugculela kubekwe phezu kwako, kodwa ndiyibonile nayo into yokwenene, ngokunjalo. Ke, ndafumanisa ukuba, kutheni ukuze abantu baxhentse bekuMoya? Ke, andizange nangoku ndambona nomnye ephuma endleleni, andizange ndambona nomnye nangoku eziphatha kakubi. Ndi—ndisoloko ndiyibona nje ngokundilisekileyo kwaye ngolungelelwano kunye nobumnandi, kwaye naboni babalekela esiguqweni kwaye basindiswe xana kuqhubeka oko. Ke, ndandimangaliswa ukuba kutheni yayinjalo lonto, kwaye ndafumanisa ukuba luloyiso olo.

⁷⁶ UDavide waxhentsa phambi kweNkosi, xana iTyeya yabuyiswayo endaweni yaYo yokuphumla. Amen. Xana uDavide walibona iLizwi, njengoko laLinjalo ngoko kumacwecwe amatye, libuyiswe kanye endaweni yaLo, UDavide wagcoba waxhentsa ekuMoya, ejikeleza aze ajikeleze aze ajikeleze. Ngokuba? Walibona iLizwi libuyele endaweni yaLo. Amen.

⁷⁷ Loo nto idingwa liLizwi, ayiphumi kwisikolo sabefundisi esithile, ukuxubana okuthile kwezakwalizwi; kodwa udidi lwakudala, uThixo ethume umshumayeli emva kwepulpiti, kunye neLizwi, ebona uThixo eLingqinela, ubungqina.

⁷⁸ Ngoko uDavide wathi, “Uzuko kuThixo, kuko oKu!” Kwaye ngenxa zonke kwaye ngenxa zonke kwaye ngenxa zonke. Umfazi wakhe omncinane ethe nca ehleli phezulu phaya, eyintombi yokumkani, wathi, “Kuba, u—u—uyandihlazisa.”

⁷⁹ Kwaye uDavide wathi, “Awukuthandi okuya? Khangela oku!” Waza wajikeleza waza wajikeleza waya kwakhona. Ewe! Owu, bethu, elinjani lona ixesha awayenalo!

⁸⁰ Uyazi, uThixo wakhangela phantsi ukuphuma eZulwini, wathi, “Davide, uyindoda eNgantliziyi Yam.” Yabona? Yabona? Ngokuba? Wayelahlekelwe lilo lonke ikratshi, wayelahlekelwe kuko konke okukokwakhe. Nangona kunjalo wayetshate nentombi yokumkani, kodwa oko akuzange nkqu kugqalwe nangoko. Wayesazi ukuba wayeqhelene noMnini Mazulu kunye nomhlaba, kwaye nako iLizwi likaThixo libuyela kanye phakathi kwabo kwakhona, kwaye uDavide wayevuyele ngolona

hlobo waxhentsa. Wasuka nje waxhentsa kalukhuni kangangoko wayenanko.

⁸¹ UMiriyam, wathabatha ingqongqo waze wehla ngonxweme, exhentsa kwelinye icala. Emva kokuba eyewadlula kuLwandle oluBomvu wabona iintshaba zakhe zintywiliselwa, ngoko wayenokuxhentsa ekuMoya. Xana wabona iintshaba ezo ezazimthuthumbisa, zifile, waze ngoko waxhentsa ekuMoya. Kunjalo oko. Ngoku, yabona, emva! Emva kokuphumelela kwedabi, ngoko uzuko lukaThixo luyehla.

⁸² Ngoku, sifumanisa ukuba Wahlangana naye. Kwaye emva kokuba idinga lingqinelwe, wa—wabanobudlelwane. UMelkitedeki waphuma ukuba asikelele u-Abraham, kwaye Wathi, “Makasikelele u-Abraham, kwaye makasikelele noThixo ka-Abraham, uMnini Mazulu kunye nomhlaba.”

⁸³ Owu, bethu, indlela endiyithanda ngayo loo nto, isithembiso sekholwa! Uthi, “Yintoni oko okunayo enokwenza nathi?” Kulo lonke ikholwa! Idinga lekholwa buBomi obunguNaphakade. Idinga lekholwa buBomi, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ubulali, umonde, iziqhamo zoMoya, impiliso eNgcwele, iqela lezinto endizibhalileyo phantsi apha, phantse, elo lilifa lakho. Lilelakho, kodwa awunako ukuba nalo ude ulilwele. Lelakho. Yonke into ebonwayo, yonke into yexeshana ebonwayo, iyeyam. UThixo undinike yona, ngokuba ngoKristu Wandinika yona. Kwaye izinto ezingenakubonakaliyo zezam. Amen. Ndiyayithanda lo nto! Lonto unokuyibona, njengempiliso eNgcwele, njalo njalo, ngolo hlobo, leyo ilungileyo, siyakubulela oko; kodwa ezingabonwayo!

⁸⁴ Ngoku, inzululwazi inganokuphanda ngeenxazonke apha kwaye ithi, “Ke, makhe sibone, mandikhe ndithabathe le ndoda. Ubuthu yayiphilisiwe, mandikhe ndiyithabathele ezantsi kwaye ndiyihlole. Makhe ndibone lonto yenzekileyo. Kwaye uthi wakha wanethumba kanye, mhlekazi?”

“Ewe, kanye *phaya*.”

⁸⁵ “Ewe, makhe ndinike uphando lwenzululwazi kwaye ndibone ukuba ayizange nje izike kwaye ayizange ihambe. Uthi wawukhe waba yimfama kwaye ngoku uyabona. Ndazi njani? Mandikhe ndiyikhangele ngokwenzululwazi kwaye ndiyibone.”

⁸⁶ Ngoku, babenokuphanda malunga naloo nto, kodwa nangoko ndi—ndiyindlalifa kuloo nto, ngokunjalo, yonke into ebonakalayo. Kwaye ngoko kananjalo ndiyindlalifa kwizinto ezo ezingenakubonwa, apho inzululwazi ingenakuphanda. Amen. Amen. Izinto ezingabonwayo, amen, ndiyindlalifa kuloo nto. Ewe, mhlekazi. Izinto ezo ezinokubonwa, ndiyindlalifa kuloo nto. Lo mhlaba wokwenyani, ndiyindlalifa, uyindlalifa. Lonke ikholwa liyindlalifa, liyindlalifa kulo. Kulungile, ngoko okungabonwayo! Umnikazi wantoni? AMazulu nomhlaba. Amen. Zonke izinto! Uyakukholwa oko?

⁸⁷ Uthi, “Mzalwana uBranham, uthini malunga naphandle phaya apho ungenakubona khona? Wazi njani?” Kuselelam nangoku. Kunjalo oko. IZulu lelam. Ndiyavuya lelam, uThixo watsho njalo. Kwaye kunjalo oko. “Ke, awuzange ulibone, wazi njani ukuba likhona?” Ndiyazi ukuba likho, nakanjani na, uThixo watsho njalo. “Wazi njani ukuba uyindlalifa kulo, xana ungazange walibona?” ndikholwa iLizwi Lakhe. Amen. Yabona? Ndiyindlalifa, uyindlalifa kunye nam, sonke sizindlalifa kunye ngoKristu Yesu.

⁸⁸ Ingaba ukhe waqaphela apha kwabaseKorinte apha, kwabaseKorinte besiBini, uPawulos wathi, nkqu nokufa, silawula ukufa. Yicinge lonto. Ukuthimba ukufa? Ewe, mhlekazi, kuyasixhalela. Amen. Ke, uzuko! Sendilibele malunga nolwaqhushumbo lompu ngoku, yabona. Kutheni kungandibulalanga? Ngenxa yokuba bekungenakho. Kungenxa yoko. UThixo ebengekakulungeli. Ebenokuza kangangoko efuna ukuza ngako, kodwa akunakho ukukuthabatha. Amen. Uzuko! Ndalihlawula ityala lam kokuya kwixesha elide elidlulileyo xana ndakholwayo kuYesu Kristu Lowo ophila ngonaphakade. Ngoku ukufa kuphulaphula oko sikuthethayo. Amen.

Uthi, “Umthimbi wokufa?”

⁸⁹ Yiloo nto uPawulos wayithethayo apha kwabaseKorinte. Ukufa, nkqu, siyakuthimba. Ngokuba, xana babelungiselela ukumnqumla intloko yakhe, wathi, “Owu, kufa, luphi ulwamvila lwakho? Luphi ulwamvila lwakho? Ndibonise apho unokundoyikisa khona.”

⁹⁰ Ukufa kwathi, “Ndiya kukukhama ukuhla kwaye ndikubeke phantsi engwabeni, kwaye uya kubola kwaye wonakale.”

⁹¹ Wathi, “Kodwa, owu, makabongwe uThixo,” [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] “Lowo osinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.” Ewe, mhlekazi. Ukufa, isihogo, kunye nengcwaba, ndizithimba zonke, ngokuba Yena wazoyisa zonke ngenxa yethu. Umthimbi!

⁹² Kanye njengoYoshuwa noKalebhi babuyisa ubungqina belizwe elingabonwayo elo elalunikwe kubantu ngokwedinga. UYoshuwa noKalebhi babuya nobungqina bokuba lalikhho ilizwe elinjalo. Ngoku, apha ezantsi babenedinga laloo nto. UThixo wabanika idinga, kwaye benyuka beza kanye elizweni, kodwa babengazange balibone lona, kwaye uYoshuwa noKalebhi bawelela kwilizwe ledinga baze babuya nobungqina bokuba ilizwe lalikhona kwaye laliyindawo entle, elibaleka amasi nobusi. Amen! Yayiyintoni lonto? Babeya kulithimba elaa lizwe. Babenedinga. Babesindleleni yabo ewelela ngaphaya, kwaye babephantse ukuba seYordane, kwaye uYoshuwa wawela waza wabuya nesiqinisekiso sokuba yayilizwe elilungileyo.

⁹³ Kanye lonto uYoshuwa wayenzayo ngenxa yabantwana bakaSirayeli (*uYoshuwa* uthetha “UMsindisi,” igama

uYoshuwa), kwaye leyo yinto enye uYesu ayenzayo ngenxa yeBandla xana baMbulalayo. Wakoyisa ukufa. Wasoyisa isihogo. Waloyisa ingcwaba. Kwaye wavuka kwakhona kunye nesiqinisekiso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ukuba kukho iLizwe ngaphaya komlambo, elo abalibiza ngokuba limnandi ngonaphakade. Amen. Uye wabuya wasiphathela nesiqinisekiso. Yintoni Wona oyenzayo, Mzalwana uBranham? Ukwenza ukuba uyeke ukuxoka, ukuba, ukusela, ukuthuka, ukuziphatha okubi, nayo yonke into. Wenza isidalwa esitsha ukuphuma kuwe. Mna lo endandifudula ndifile esonweni nasezigqithweni, nangona kunjalo ndidla ubomi, hayi mna kodwa uKristu udla ubomi kum. Ndisidalwa esitsha kuKristu Yesu, amen, indlalifa kwidinga. Haleluya! Ewe, mhlekazi. Ela lizwe lelethu. Ulazi njani wena? UYoshuwa wavuka kwelabafileyo, wabuyisa isiqinisekiso, uMoya oyiNgcwele. NdinaWo. Amen. Whew! Uzuko! Ndiyindlalifa. Owu, umntwana woKumkani, umntwana woKumkani, indlalifa yezinto zonke! IBhayibhile yatsho njalo. Kwaloo Thixo mnye—kwaloo Thixo mnye lowo wanika uSirayeli idinga lelo lizwe ledinga (yayiyinto engabonakaliyo kubo), kwaloo Bhayibhile inye, kwaloo Thixo mnye wasinika idinga loBomi obunguNaphakade, kwaye uMoya oyiNgcwele uyangqina ngayo lonto. UKristu uyaphila, akafanga. Uphila kanye phakathi kwethu, uphila kuthi, ngathi, usebenza kengenxazonke kuthi. Amen.

⁹⁴ YayinguYe ehleli kwesaa situlo ezantsi phaya ngenye imini xana uSathana wabona ithuba lokundibulala, kodwa akazange akwazi ukuyenza lonto. Amen. Kwaye akanakuze ayenze lonto ade uKristu athi sele kulungele. Amen. Kungakhathaliseki ukuba mangaphi amaxesha esiza, uyakubuyela umva elambatha ade uKristu anikele umyalelo. Amen. Isithembiso, uThixo wathembisa. LiLizwi likaThixo elo lithembisayo, kwaye siyakukholwa oko ngokuba sizindlalifa.

⁹⁵ Ndiyindlalifa yempiliso eNgcwele. Ndiyindlalifa yovuyo, ndinelungelo lokonwaba. “Ke yintoni ekwenza wonwabe kangaka?” Ndinlungelo lokuba njalo. “Wazi kanjani?” Ngokuba ndiyindlalifa yalo. Amen! Whew! Ngoku ndiziva ndingowenkolo. Ewe. Ndiyindlalifa kulonwabo. Ndiyindlalifa kuvuyo. Ndiyindlalifa kuxolo. Ndiyindlalifa kuBomi obunguNaphakade. Ndiyindlalifa kuMoya oyiNgcwele. Amen. Ndiyindlalifa kuso sonke isiqinisekiso enaso. Amen. Ndiyindlalifa kwigunya likaThixo. Amen. “Ngubani okwenze oko?” Ayindim; Wenzile. Nonke ngabanye kuni nizindlalifa kulonto inye.

⁹⁶ Indlalifa kwitrone! “Lowo weyisayo uya kuhlala kunye naM eTroneni yaM, njengoko naM ndoyisayo ndaze ndahlala kwiTrone kaBawo waM.” Amen, indlalifa yezinto zonke! Hayi nje into enye; zonke izinto! Yonke into iphantsi kweenyawo zakho. Nkqu nokufa kuphantsi kweenyawo zakho, ingcwaba

liphantsi kweenyawo zakho, isihogo siphantsi kweenyawo zakho, isono siphantsi kweenyawo zakho, zonke izinto ziphantsi kweenyawo zakho. Uyindlalifa! Uyi... Ufile, kwaye ubomi bakho bufihlakele kuThixo ngoYesu Kristu, kwaye nivukile kwakhona ukuya eBomi obunguNaphakade, kwaye nihleli kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu. Owu, bethu! Whew! Sibize nantoni na oyifunayo, sibize nantoni na ofuna ukusibiza ngayo, yithi siyaphambana ukuba uyafuna, kodwa sizindlalifa. Iindlalifa kwintoni? Zonke izinto.

⁹⁷ “Ingaba uyindlalifa kuMnquba kaBranham?” Hayi, ndiyindlalifa kwizinto zonke. Zombini ezibonwayo, zangoku, ikamva, kuyo yonke into, ndiyindlalifa kuyo.

⁹⁸ Kwaye sonke isono nokungendawo zibekwe phantsi kweenyawo zam, ngobabalo lukaYesu Kristu. Wavuka ngentsasa yePasika, woyisa phezu kokufa, isihogo kunye nengcwaba, kwaye wandenza indlalifa, waze wathi, “Yima ngaphesheya kwaye ndiya kukunika idinga.” Kwaye umkhonzi Wakhe othanjisiweyo onegunya wathi, “Idinga likuni nakubantwana benu, nakubo abakude, nkqu esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza.” Ndiyindlalifa. Amen. Amen. UYesu wakugqina oko kuthi, ngovuko Lwakhe. Owu, bethu.

⁹⁹ Xana sithe sangena kulaa mhlaba yodabi phakathi kokufa noBomi! “Ndingumoni, Mzalwana uBranham.” Akufuneki ukuba ube nguye. Ungumoni ngenxa yokuba unqwenela ukuba nguye. Akufuneki ukuba ube nguye. Ityala sele lihlawulwe kakade.

¹⁰⁰ “Mzalwana uBranham, ndinqwenela ukuba bendinovuyo.” Ungaba nalo. Uvumela uSathana nje akukhuthuze ukusuka kumalungelo lawo uKristu wafa ngenxa yawo. Ndiyindlalifa kuwo. Konke kokwam. Yonke into Awayifelayo, iyeyam, iyeyakho. Singabantwana Bakhe, sizindlalifa zako, nayo yonke into leyo Wafa ngenxa yayo.

¹⁰¹ Ngoku, xana ungena kuloo mhlaba wedabi, “Owu, akukho nto injengobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Uyazi, uya—uya—uya kwenza ngokungaqhelekanga. Kwaye kuyakubakho into, kuyakubakho into eyahlukileyo.” Andikhathali nokuba umahluko uyintoni na, ndiyindlalifa yabo. Obo buBomi, kwaye ndiza emva kwaBo. Kunjalo oko.

¹⁰² Yiloo nto ekumelwe kube yinjongo yakhe wonke umoni. “Ndiza ukuze ndiBamnkele phezu kwesiseko sikaMoya oyiNgcwele olapha ngoku kwaye endixelela ukuba ndize ndiBamnkele. Bobam. Andinakuze ndivuke de ndiBamnkele. Andiyi kuba ngumbaxi. Ndizakuhlala kanye apha, andikhathali nokuba yintoni na eqhubekayo. Andinakuze ndipheze ukuthandaza de Undinike uMoya oyiNgcwele, Nkosi, kwaye ndiyazi ukuba Uyakuwenza oko kanye ngoku. Ukuba kukho nantoni engalunganga ebomini bam, ndixelele malunga nayo

kwaye ndiya kuyenza. Iyintoni na yona, Nkosi, ndiya kuya ndiyilungise.”

¹⁰³ Ukuba uThixo akatyhili nantoni, yithi, “Ngoko, Sathana, ndiyeza ngenxa yaBo. Awunakuphinda ume phaya kwakhona, phuma endleleni yam!”

¹⁰⁴ Nantso ke, indlalifa yazo zonke izinto. Indlalifa yoBomi obunguNaphakade. Indlalifa yempiliso eNgcwele.

Owu, indlalifa yosindiso, ehlawulelwe
nguThixo,
Ezelwe ngoMoya Wakhe, yahlanjwa eGazini
Lakhe.

Eli libali lam, eli liculo lam,
Ndumisa uMsindisi wam kubude bonke
bemini.

Ukungeniswa okugqibeleleyo, konke
kuphumle,
Mna kuMsindisi wam ndonwabile kwaye
ndinoyolo;
Ndikhangele kwaye ndilindile, kwaye
ndikhangele ngaphezulu,
Ndizaliswe kukulunga nothando Lwakhe.

Haleluya! Nantso ke. Eli libali lam, kwaye eli liculo lam. Ndiyindlalifa yosindiso. Yintoni usindiso? Yinto leyo oyinikiweyo. Sisipho. Ndiyindlalifa yosindiso. Oluphi uhlobo? KuBomi obunguNaphakade. Usindiso lomphfumlo wam, usindiso lomzimba wam, usindiso ngenxa yokudinwa kwam, usindiso ngenxa yayo yonke into. UThixo undenze indlalifa yezinto zonke ngoKristu, kwaye Wafa, wavuka, kwaye wabuya wazisa isiqinisekiso, kwaye waSithulula phezu kwethu. Owu, bethu! Uzuko! Owu, bethu!

¹⁰⁵ Ngoku, uya phezulu phaya, yintoni oyenzayo? Xana usiya kanye njengokuba u-Abraham wenzayo, yiya phezulu phaya kunye nelaa dinga. “Thixo, Undixelele ukuba lelam. Ndinokholo kwidinga Lakho. Ndizisa iLizwi Lakho. Ukuthembisile oku. Wathi, ‘Celani, kwaye niya kwamkela. Funani, niyakufumana. Celani, niya kunikwa. Nkqonkqozani, niya kuvulelwa.’ Ndilapha, Nkosi. Ndilapha. Ndiyankqonkqoza, ndiyafuna, ndiyacela. Ndimelwe kukuba ndiWamkele.” Nantso ke. Into iyenzeka ngoko, owu, xana ubeka elaa Lizwi phantsi.

¹⁰⁶ Khangela into awayenzayo uSathana xana uYesu wabeka iLizwi phantsi kuye. “Kwaye kananjalo Kubhaliwe...” Watsibela kude ukusuka kwelaa Cingo, njengokuba benditshilo ngobunye ubusuku. Ewe, mhlekazi. Ngoko kuthini, emva kokuba woyisile? Woyisa njani? Ingaba ungayenza lonto ngokwakho? Hayi. Kukho umntu ohambe phambi kwakho wakoyisela. NguKristu. Ndiyindlalifa yawo nje. Akufunekanga ndenze nantoni na. Ndiyindlalifa yedinga. Inye kuphela into

endimelwe kukuba nayo, kukubeka ukholo lwam kwidinga Lakhe. Uyayibona loo nto?

¹⁰⁷ “Mzalwana uBranham, ingaba uyifanele loo nto?” Hayi. “Ucinga ukuba ndifanelekile?” Hayi. “Ingaba ucinga ukuba uBhishophu ufanelekile?” Hayi. “Ingaba kukho umntu ofanelekileyo?” Hayi. “Ke, kuba?” Uyindlalifa.

¹⁰⁸ Ukuba wawulelonanxila likhulu ehlabathini, waze uyihlo wakushiyelela isigidi seedola, nokuba ufanelekile okanye awufanelekanga, eyakhe—eyakhe—eyakhe indlalifa, uyindlalifa yelifa likayihlo. Nantoni na akushiyele yona, yeyakho nokuba ufanelekile okanye awufanelekanga. Ukushiyele kuwe. Amen.

¹⁰⁹ Ndandingumoni, kodwa ndiyindlalifa. Ndandingalunganga, hayi okwangoku, kodwa nangoku ndiseyindlalifa. Bendimelwe kukufa kwaye ndiye esihogweni, kodwa ndiyindlalifa. Ndiyindlalifa yantoni? UBomi obunguNaphakade. “Wazi njani ukuba uya kuBufumana?” NdiyaLiva. UMoya oyiNgcwele waBuzisa. UYesu wavuka kwabafileyo ukuze Bube nokuza. Kwaye ngoku Bufikile, kwaye Bunika ubungqina kwaye bungqinela nje kanye lonto Buthe Buyakuyenza. Ndidlulile ukusuka ekufeni ukuya eBomini. Ndibe, sisidalwa esitsha kuKristu Yesu. Ngoko ndiyindlalifa. Ewe, mhlekazi. Ngoku ndisekungxisheni kwam. Amen. Izinto zixheliwe. Zeziphi zonke ezi zinto ezikhohlakeleyo endizenzileyo? Kanye njengokuba uMiriyam wenzayo. Khangela emva phaya, nabaya apho bakhoyo, bafile, bangwatyiwe kulwandle lokulibala, kwiNcwadi yeNcwadi kaThixo enkulu eZulwini. Sele yenziwe. Igama lam sele libekwe kuloo Ncwadi, kwaye sele litywiniwe, laza labekwa phantsi kulwandle lokulibala, kwaye iNcwadi entsha, kunye negama elitsha libhaliwe ezantsi kuZuko. Kwaye lelam. Ehe. Ngoku sizindlalifa zezinto zonke, ngoko.

¹¹⁰ Ngoko njengokuba xana u-Abraham, yintoni uThixo awamxelela yona? “Eli lizwe lelenu. Lonto ikoku yeyenu. Khangela empuma, entla, entshona, nasemzantsi, oko konke kokwenu, yonke into apha. Ndifuna ukuba uze uhambele kwilizwe lasemzini, kwaye ndiza kukwenza indlalifa yelaa lizwe. Ndiya kukunika oku, kuwe nakwimbewu yakho, emva kwakho ngonaphakade.” Ngoku, u-Abraham, inye kuphela into ekwafuneka eyenzile yayikukubeka ukholo lwakhe kwelaa dinga, athabathe ikrele lakhe aze anduluke. Xana umzuzu obalulekileyo ufika, wehla waya phaya kwaye uThixo walwa idabi lakhe. Kwaye xana walwa idabi, wababulala ookumkani.

¹¹¹ Kwaye nanko ebuya, amen, yonke indawo ngoku. Mzalwana, wayengakhwaza. Yiva bonke abafana bekhwaza kwaye bedumisa iNkosi! Naku kusiza u-Abraham, kwaye Ngubani owaphuma weza kuhlangu naye? UMelkitsedeki, uKumkani waseSalem. Kwaye khangela lonto bayenzayo. Emva kokuba idabi liphelile, babenokuhlala phantsi kwaye bathabathe

isonka kunye newayini. Ukumkani wazisa isonka newayini. Kwakutheni ukuze Amenze oko? Emva kokuba idabi liphelile, emva kokuba uloyiso luphunyelelwe, ngoko babenokuhlala phantsi kwaye bathabathe umthendeleko kunye, bathethe omnye komnye baze batye umthendeleko kunye. Owu, yiloo nto uThixo afuna ukuba abantwana Bakhe bayenze ngokuhlwanje.

¹¹² “Ngoko uthini malunga nawe, Mzalwana uBranham? Kuthini malunga nelaa Bandla uthetha kulo?” Siyimbewu ka-Abraham, bayiMbewu yoBukumkani ka-Abraham. Siyimbewu ka-Abraham, ngedinga, ngoKristu Yesu siba yimbewu ka-Abraham kwaye sizindlalifa kunye naye ngokwedinga. Ngoko ukuba u-Abraham wayeyindlalifa, ndiyindlalifa. Ndiyindlalifa kunye no-Abraham, nawe ke ngokunjalo. Kwaye yeza njani lonto? NgeMbewu yobuKumkani ka-Abraham, eyayinguKristu Yesu, Lowo uthenjisiweyo, ngokholo. U-Abraham wamamnkela unyana, enjengalowo uphuma kwabafuleyo. Kwaye samnkele uNyana owayengenguye nkqu nonyana, kwaye kungekho ndlela yokuba apha, kwaye uThixo waMenza Kwaye waMthumela kuthi. Kwaye Weza wahlawula isohlwayo sezono zethu, kwaye ngokufa Kwakhe ndaba yindlalifa. Owu, bethu. Nantso ke. Kwaye bonke ubungendawo bukamtyholi bungasemva. Makabongwe uThixo!

¹¹³ Yoyisa! Bangaphi aboyisileyo, ngokuhlwanje? Masikhe sibone isandla sakho, “Ngobabalo lukaThixo ndoyisile.” Makabongwe uThixo. Uyazi yintoni endicinga ukuba kufuneka siyenze kanye ngoku? Ndiqalisile nje kanye apha kwaye ndinigeine isiqingatha sobusuku. Masibe nje nenkonzo elungileyo yokuzinikela, sinikele ubomi bethu ngokutsha kuThixo. Bangaphi abaziva befuna ukukwenza oko? Owu, ndinezingaphezu kwesinye ngoku, ndiphakamise izandla zozibini, nentliziyo yam, ngokunjalo. Ndifuna ukuba ubomi bam buthethwe ngenxa kaKristu. Ndifuna ukuzinikela ngokutsha kuKristu. Ndifuna ukuba intando Yakhe yenziwe, eyam ukuba ibekwe ngasemva, kwaye—kwaye intando Yakhe yenziwe. Ndifuna ukuba nokungxisha komoyisi. Hayi ngokuba indim; ngokuba ndiyazi ukuba iVangeli leyo Wayishumayelayo iva ubunzima namhlanje ngenxa yeemfundiso zenkolo ezenziwe ngabantu bamahlelo nayo yonke enye into. Uloyiso olukhulu olo ebekufanele ukuba sinalo lubanjwe emva lutshaba. Thixo, ndivumele ndirhole eli Krele, makhe libengezele kwaye likhazimle, kwaye ndingxishe ndiye phambili. Makhe intando yam ibe semva, kwaye iLizwi Lakhe lihambe ngaphambili ngolo hlobo, iKrele elibukhali elintlangothi mbini lisenza indlela.

¹¹⁴ Masikhe sime ngeenyawo zethu ngoku kwaye sizinikele ngokutsha. Elowo ngokwendlela eyiyeyakhe, zinikezeleni ngokwenu kwiNkosi. Masikhe siphakamiseni izandla zethu ngoku kuThixo, ngamnye kuni.

¹¹⁵ Bawo wethu oseZulwini, ngokuhlwanje sizinikela kuWe

ngokona oko kungcono sikwaziyo. Siyazi ukuba sizindlalifa zezinto zonke. Wakuthembisa oko, Nkosi Yesu, kwaye siyakukholwa oko. Ngoku, asinakuze sibenakho ukuyenza ngaphandle kokuba Wena, Nkosi. . . ngaphandle kokuba thina ngokwethu sibeka ukholo lwethu kwisithembiso Sakho. Ngoku, Wathi, eBhayibhileni, “Lowo uyidlayo iNyama yaM aze alisele iGazi laM unoBomi obungunaphakade, kwaye akasayi kuza ekugwetyweni, kodwa uya kudlula. . . udlulile ekufeni wangena eBomini. Lowo uyidlayo iNyama yaM aze alisele iGazi laM unoBomi obunguNaphakade, ndaye ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.” Eso sisithembiso. Oko koko Wayithethayo. Oko koko sikukholwayo.

116 Kwaye, Nkosi Thixo, Owu Moya oyiNgcwele, hamba phezu kwethu. Owu, shukuma, Thixo! Shukuma, Owu Nkosi, kuthi. Moya woThixo ophilileyo, samkele, Nkosi. EGameni likaKristu samkele. Ndihlambulule, ndibumbe, ndiqingqe, Owu Thixo, ekubeni ngumfanekiso woNyana kaThixo. Ndithabathe, Nkosi, ndingoWakho. Ndikunika eli bandla. Ndinikela umphefumlo ngamnye apha kuWe, kunye nowam, Nkosi. Ngoku ke sibumbe usakhe, kwaye usenze silibale iindlela zethu zesono ezingendawo, kwaye sazi ngalo lonke ixesha sibeka olwethu—olwethu ukholo, loluphi ukholo esinalo, kwiLizwi Lakho ledinga, Uyakusithwala ukusuka kuloyiso ukuya kuloyiso. Ukuthembisile oko.

117 USathana akanako ukusenzakalisa, Nkosi. Angenza yonke into anokuyenza, kwaye akanakusichukumisa. Xana Wamkhululayo kuYobhi ngaxesha lithile, Wathi, “Musa ukuthabatha ubomi bakhe.” Wenza yonke into ngaphandle kokubuthabatha. Kodwa wayengakwazi ukuyenza loo nto, ngokuba idinga Lakho lalisekhona kuYobhi.

118 Kwaye, Thixo, Usenguye uThixo ofanayo namhlanje. Uyabakhusela Abangabakho. Siyazi ukuba yiNyaniso leyo, kwaye siyazinikezela ngokutsha. Hlamba imiphefumlo yethu enesono, Nkosi, njengoko sivuma ukholo lwethu. Kunye, noKristu Yesu, samkele. Kwaye xana siqalisa ukuthabatha esi Sidlo seNkosi sangokuhlwa, Thixo, ncokola ezintliziyweni zethu kuthi. Sixelele ngoku apho singalunganga khona. Sibonise apho sikhoyo isiphoso sethu, Nkosi. Siyaguquka ngokuzithoba kuso. Ngokuzithoba ndibeka zonke izono zam phezu kwesibingelelo, Nkosi. Ndizibeka ngokuzithoba phezu kweLizwi Lakho, Nkosi, kunye nakwinceba Yakho.

119 Ndilapha, Nkosi, yenza ngam njengoko Ubona kufanelekile. Eso sisikhalo seli bandla, Nkosi, “Yenza ngathi njengoko Ubona kufanelekile.” Ndingathetha kuphela ngenxa yesam—ngenxa yesam isiqu, Nkosi, kodwa ndiyakholwa ezintliziyweni zabo bakhohwa kwaloo nto inye. Yenza ngathi njengoko Ubona kufanelekile. Siyakholwa. Sifuna ukuba zindlalifa, kwaye siyazi

ukuba sizindlalifa ukuba nje sihleli kuKristu Yesu. Siyindlalifa kunye naYe phambi kweTrone.

¹²⁰ Ngoku yiba nathi. Philisa isifo phakathi kwethu, Nkosi. Ukuba kukho umzimba ogulayo apha ngokuhlwanje, wuchukumise, wuphilise, wenze uphile. Siphe oko, Nkosi. Ukuba kukho umphefumlo ogulayo, wanga ungaphiliswa kanye ngoku. Yenza loo mphefumlo uqhwalelayo wolulwe. Anga loo madolo ahexayo lawo ajinga ukwehla kwaye nezo zandla zibuthathaka zingaphakama ebuqaqawulini zikhwaze kuThixo. Zanga iindlela ezigwenxa zingangqaliswa. Kwanga kungakho indlela ephakamileyo ngenxa kaThixo wethu entlango.

¹²¹ Nkosi, siyakholwa ukuba Uyeza kwakamsinya, kwaye senze sidubule iLizwi Lakho ukuya phambili, Nkosi, kwaye senze indlela ephakamileyo entlango, iindawo ezingangqalanga zoluleke, ngenxa yeNkosi yethu. Senze sidubule yonke ingcambu yehlelo. Senze sidubule zonke ingcambu zobukrakra, sibudubule buphume bonke ububi, umona kunye neengxabano, ukuze iLizwi likaThixo lenyani liqukuqele njengemilambo yovuyo. Siphe oko, Bawo. Sizinikela kuWe ngoku nje ngaphambi kokuba sithabathe esi Sidlo seNkosi sangokuhlwa. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

¹²² Ngelithuba...uDade uSpencer efuna umthandazo ngenxa yomzimba wakhe. [UDade uSpencer uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] UThixo akusikelele, Dade uSpencer.

Bawo oseZulwini, lo mfazi olusizana ungcewele, nalo uhleliyo. Uyambona umfazi osisiqhwala. “Ibingamelwe na Le ntombi ka-Abraham ukhulangulwa ngomhla weSabatha?” Kwaye ngoku mhlawumbi uninzi lwabahlobo bakhe, Nkosi, abahlobo bakudala abo wayesidla ngokubonwabisa, abo balungiseleli, njengoko babehleli endlwini yakhe, sele bedlulile, abaninzi babo, sele beyithabathile indlela enkulu ephakamileyo eya eZulwini. Ushiywe eyedwa, Nkosi, njengobungqina. Akukho bani ngoku, nje abantwana bakhe, kwaye mhlawumbi umhlobo apha naphaya, Nkosi, isihlobo ngoku nangoko. Kodwa umi yedwa okwehlathi elikhulu elo liyelavuthululelwa phantsi, kwaye umthi omnye wasala. Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakukhangela ezantsi kwinceba, Nkosi, ukuba athabathe iingcambu ezantsi nzulu. Kwaye emi phezu kwenduli yaseKhalvari, Nkosi, emiliselwe wazinziswa kuKholo lukaKristu. Ndibeka izandla zam phezu kwalo mfazi omdala uthandekayo kwaye ndigweba eli qhina liphantsi kolwimi lwakhe, ukuba limyeke kwaye aphilise. EGameni likaYesu Kristu. Amen. UThixo akusikelele. Enkosi, Dade uSpencer. Kuya kwenziwa oko. Musa nje ukuthandabuza nakancinci. Konke kulungile.

Ukhohlo lwam lukhangela kuWe,
Wena Mvana yaseKhalvari,

Msindisi oNgcwele;
 Ngoku ndive ngelithuba ndithandaza,
 Susa zonke izono zam,
 Ungaze undivumele ndiphambuke
 Ukusuka ecaleni Kwakho.

Phulaphula, cula kunye nam ngoku.

Ngelithuba ubomi beendlela eziphitheneyo
 bumnyama ndiyanyathela,
 Kwaye usizi ngeenzazonke kum lwendlaleka,
 Yiba nguMkhokeli wam;
 Yalela ubumnyama bujike bube yimini,
 Sula iinyembezi zosizi zisuke,
 Owu ndivumele ukususela namhlanje
 Ndibe ngoWakho ngokupheleleyo!

¹²³ Ngokusuka emazantsi entliziyo yakho ngoku, nguThixo kuphela okwaziyo oko, ukusuka emazantsi entliziyo yakho, ingaba ngokwenene uthetha oko, “Ndivumele ukususela namhlanje, Nkosi, ndibe ngoWakho ngokupheleleyo”? Makhe sicule laa nxalenye yokugqibela kwakhona.

Ungakhe undivumele ndiphambuke
 Ukusuka ecaleni Kwakho.

¹²⁴ Ngoku sonke kunye. Malusi Omkhulu womhlambi, Usifundise ukuba kufuneka sithandaze ngolu hlobo:

Bawo wethu OseZulwini, Malingewaliswe
 iGama Lakho.

Ubukumkani Bakho mabufike. Mayenziwe
 intando Yakho emhlabeni, njengokuba
 isenziwa eZulwini.

Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.
 Kwaye usixolele amatyala ethu, njengokuba
 nathi sibaxolela abo banamatyala kuthi.

Ungasingenisi ekuhendweni, kodwa
 usihlangule ukusuka enkohlakalweni;
 ngokuba ubuKumkani buboBakho,
 namandla, nozuko, kude kuse ephakadeni.
 Amen.

¹²⁵ Ningahlala phantsi. Ndicelwe umthandazo ngenxa yomntwana kaDade uShepherd. Kusuke nje kwathi qatha engqondweni yam ukuba ethubeni elidlulileyo baye banditsalela umxeba ngenxa yomthandazo womntwana, kwaye ndinikele umthandazo ngenxa yakhe. Bendinodliwano ndlebe ukuhlangana kanye apha, kwaye andizange ndikwazi ukudlula endlwini. Kodwa bathe intombazana encinane ibigula kwaye ibinomkhuhlane, kwaye nohlobo lokuqina, leyo ngokungathandabuzekiyo yintsholongwane nje ejikelezayo. Niyazi malunga nayo. Ngamanye amaxesha izihlunu zabo zitsaleka ngeyona ndlela kufuneka uzisebenze zibuyeke

umva naphambili ngezandla zabo, njengoNksk. UHaley nabaninzi apha ezantsi. Yintsholongwane leyo ejikelezayo. Kwaye yena...unikele umthandazo. Kwaye ndathi ukuba umntwana wayengekho ngcono ngentsimbi yethoba okanye ixesha lokuvala inkonzo, ukutsalela umnxeba ngapha kwaye siya kudlula khona; ukuba umntwana ungcono, kulungile. Ngoko makhe nje ngokuthobekileyo ngoku, ngaphambi kokuba sithabathe umthendeleko, sithandazele laa mntwana.

¹²⁶ Nkosi Yesu, olwa sana luncinane, andilwazi ukuba ludala kangakanani na okanye kwanto, kodwa ungomnye wabafundi bethu abathandekayo apha, Nkosi, elinye lamakhofu ethu. Ngumntwana wabo, kaDade uShepherd noMzalwana uShepherd, ilitye elinqabileyo elincinane Othe wabanika lona, Nkosi. Siyathandaza ukuba Ukhangele kulo, kwaye ulisikelele kwaye ulikhusele, kwaye uliphilise kwaye ulenze liphile. Siyalibanga kanye ngoku. Emva kwalo myalezo, sibanga oko. Silubangela uzuko lukaThixo, ngokweLizwi Lakhe. EGameni likaYesu Kristu, yanga isigulo singamkhulula laa mntwana. Kwaye wanga umntwana angaphila kwaye aphile, ngenxa yozuko lukaThixo. Ngoku kuthethiwe, ngoku kuya kwenziwa. Amen. Ingaba niyakholwa?

Ukuba siyathemba kwaye singaze
sithandabuze, Inene uya kusikhupha;
Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi
uze uyishiye phaya.

Yishiye phaya, owu, yishiye phaya,
Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi,
kwaye uyishiye phaya;
Ukuba uyathemba kwaye ungaze
uthandabuze, Uya kukukhupha
ngokwenene;

Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi
uyishiye phaya. (Koko kuphela okwenzayo.)

Ukuba umzimba wakho uqaqanjelwa
yintlungu kunye nempilo yakho awunako
ukuphinda uyifumane kwakhona,
Nje khumbula ukuba uThixo eZulwini
uyawuphendula umthandazo;
Ngoku, uYesu uyayazi intlungu oyivayo, Unako
ukusindisa kwaye Unako ukuphilisa;
Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi
kwaye uwushiye.

¹²⁷ Ngoku makhe nje sixhawulane izandla ngelithuba sicula lo mqolo wokugqibela.

Wushiye phaya, (uBudlelwana, uyazi,
umthendeleko.) wushiye phaya,
(Mayibongwe iNkosi!)

Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi
uwushiye phaya;
Ukuba siyathemba kwaye singaze
sithandabuze, ngokuqinisekileyo Uya
kusikhupha;
Thabatha umthwalo wakho uwuse kwiNkosi
uwushiye phaya.

¹²⁸ Owu, Akamangalisi ke? Ngoku, ngoku ngovumo lwethu, inkolelo yethu, uvumo lwethu lwezono zethu, sikholelwa ukuba zonke izono zethu zikulwandle lokulibala. Lowo othe wazivuma izono zakhe, uThixo ulilungisa ukuba azixolele. Yabona? Ziku u—ulwandle lweGazi likaYesu Kristu, azisayi kukhunjulwa kwakhona. Bangaphi kuni bafazi abasaziyo ukuba yintoni na isihlobisi? Nonke. Ngoku, makhe nje sithabathe ibhafu yokuhlamba enkulu enkulu ezele yiClorox, eso sesinye isihlobisi, ibhafu yokuhlamba enkulu enkulu, ezele yiClorox. Kwaye ngoko uya kuthabatha ithontsi lamehlo elincinane, kwaye unethontsi elinye le-inki emnyama kwelaa thontsi lamehlo, ezo zizono zakho. Yima kanye phezu kwebhafu, kwaye uyikhamele phantsi, ngoko khangela phantsi ebhafini kwaye uyifumane. Kwenzeka ntoni ngalo? Kwenzeka ntoni nge-inki? Xana labetha esaa sihlobisi, sasinamandla kakhulu kangangokuba salikhupha umbala kanye ukuphuma kulo, alinakuze libekho kwakhona. Iyintoni lonto? Ihambile, ilahleke ngonaphakade. Iyintoni lonto? I—i-inki ngokwayo iba yiClorox. Elo liGazi likaYesu Kristu kuso sonke isono esivunyiweyo. Ingaba yintoni? Silityelwe, siphelile, sigqityiwe, sishiyiwe, siqhawuliwe, sibekwe kude. Asinakuze sikhunjulwe nxamye nawe kwakhona.

¹²⁹ [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Umntu othile ubiza igama lam, ndaweni ithile. [Udade ungqina nje ngokuphiliswa kwakhe.] Ke, mayibongwe iNkosi! Usaphila! Ndiyayibulela iNkosi. Siyayibulela iNkosi. Owu Thixo, indlela esikudumisa ngaYo ngenxa yokulunga Kwakho. Ewe, umphefumlo omncinane othobekileyo emva phaya uchukunyisiwe, iNkosi iye yamchukumisa. Konke kulungile. UnguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa ngemvakalelo yobulwelwe bethu.

¹³⁰ Khumbula, lonke iLizwi liyi-Ankile, lizinzile kwaye liqinisekile. Akukho . . . Yabona? Beka nje ukhoho lwakho phezu kwaLo kwaye ungashukumi, hlala nje phaya. Ngoku, awunako ukulibeka phantsi phaya kwaye ngoko ulibambe kwaye uthi, “Ndiyakulizama kwakhona.” Libeke phaya. Hlala kanye phaya nalo. Ewe, mhlekazi. Njengoko wenzayo u-Abheli, yifa uphele nje kwezizezakho iingcinga. Yithi nje, “Thixo, liLizwi Lakho, asiyo lonto ndiyicingayo. LiLizwi Lakho. Naliya.” Kwaye u-Abheli wafela phezu koLwala. Kwaye, oko, Uyakuchukumisa kanye njengoko Enze udade phaya. Kalula nje kakhulu.

¹³¹ Sizama ukulenza . . . Thina asenzi. USathana uzama

ukuyenza ibenzima kakhulu, uyazi, uthi, “Owu, uyazi, oko yayi kokomhla odlulileyo,” nako konke oko. Abo nje ngabangakholwayo.

¹³² Kodwa kuni nina bakholwayo, Uxabisekile. Ngoku akuvunyelwanga, ngokwenene; kodwa Yena uliLitye elixabisekileyo lisiza kwiLitye eliphilileyo, iLitye elixabisekileyo, ilitye leMbombo. Owu, bethu. Owu, lowo uchukumisa eli Litye uphilisiwe! Kuphelele apho. Amen.

¹³³ Ngoku, asinambulelo na eNkosini? Ndiyavuya nje, ndivuya kakhulu kuba iNkosi inguThixo. Amen. Ndiyavuya kakhulu ngokuba EnguBawo othantamisayo, ozele yinceba, uyalihlonipha iLizwi Lakhe, egcina uMnqophiso Wakhe, engasoze aWulibale. Uyawugcina uMnqophiso Wakhe. Umelwe kukuwugcina, UnguThixo, WaweNza. UnguMthombo wayo yonke iNyaniso. Yabona? Akunakubakho enye into ngaphandle kweNyaniso engangxengwanga ngalo lonke ixesha. Lonke iLizwi Alithethayo alinakusilela. Kwaye eli liLizwi Lakhe. Kwaye, Owu Thixo, vumela ukhoho lwam lungasileli kuLo, amen, ngoko lungaba lelingasileliyo njengokuba iLizwi lingenakusilela, ngoko iLizwi kolo hlobo lokhoho liyakovelisa nantoni na iLizwi elithi Liyakuyenza. Amen. Ke, ndihlambulule, Nkosi. Ndilinge, ndihlambulule, ndiphilise, ndikhusele, ndisikelele, kwaye undinike iinceba Zakho, ngumthandazo wam kuThixo. Amen.

¹³⁴ Ngoku, ndizakufunda elinye iLizwi ngoku, elifumaneka kwabaseKorinte bokuQala, isahluko se-11, umqolo wama-23.

Kuba ndakwamkela eNkosini oko ndakunikelayo ngokunjalo kuni, Ukuba iNkosi uYesu kwangobo busuku. . . eyangcatshwayo yathabatha isonka:

Yaze xana sele inike umbulelo, yasiqhekeza, kwaye yathi, Thabathani, kwaye nidle: lo ngumzimba wam, lowo owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kwangokunjalo yathabatha. . . kananjalo yathabatha indebe, kwaye xana sele edlile, esithi, Le yindebe yomnqophiso omtsha egazini lam: oku kube kuni, ngamaxesha onke enisukuba niyisela, ukwenzela ukundikhumbula.

Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla esi sonka, kwaye nisela le ndebe, nibonisa ukuya phambili ukufa kweNkosi ide ifike.

Ngoko nabani na oyakudla esi sonka, aze ayisele le ndebe yeNkosi, ngokungafanelekanga, woba netyala le gazi, umzimba, kunye negazi leNkosi.

Kodwa umntu ke makhe azicikide ngokwakhe, aze ke ngokunjalo adle kwisonka eso, kwaye asele kwindebe leyo.

Kuba lowo udlayo kwaye asele ngokungafanelekanga, uzidlela aziselele ukugwetywa ngokwakhe, engawucaluli nje umzimba weNkosi.

Ngenxa yoku abaninzi baya gula kwaye babuthathaka phakathi kwenu, . . . abaninzi balele.

Kuba ukuba besiyakuzi gweba ngokwethu, besingena kugwetywa.

Kodwa xana sigwetywa, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi kunye nehlabathi.

Ngoko ke, bazalwana bam, xana nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani omnye nomnye, uh, lindani omnye ngenxa yomnye.

135 Ngoku yanga ndingatsho oku. UYesu wasinika lo myalelo ngaphambi kokuba Aye ekufeni Kwakhe, esazi ukuba Wayesiya phaya. Abafundi babesamangalisiwe ukuba Wayethetha malunga nantoni, xana babebhala oku phantsi. Kodwa Wathi, “Le ndebe nguMnqophiso oMtsha eGazini laM. Oku kwenzeni ngamaxesha onke enisukuba nisidla okanye niyisela, niyakubonisa ukufa kwaM ndide Ndifike.” Owu, loo Mazwi axabisekileyo!

136 Abafundi akukho ntandabuzo babezibuza, “Uthetha Ukuthini, ‘ukubonisa ukufa Kwakhe’? Sinokukwenza njani oku?” Apha konke kwaba yimfihlelo kubo, kodwa hayi kuYe. WayenguThixo. Wayeyazi into Amelwe kukuyenza. “Bonisa ukuya phambili. . .” Ke Wathi, “Xana nihlanganisana ndawonye ukuba nitye. . .”

137 Ngoku, “Lowo udlayo aze asele, ngokungafanelekanga,” esiza phezulu apha aze azixele ukuba ungumKristu, ethabatha umzimba weNkosi, aze ngoko aphume kwaye aphile kunye nehlabathi kwaye—kwaye amkhanyele uKristu kunye namandla Akhe, kunye nezinto ezilolo hlobo, we—wenza ihlazo elikhulu kuThixo. We—wenza ihlazo kuKristu, ke musa ukuwuthabatha. Kodwa ukuba uyazama ngako konke okukuwe, ukuphila ngokulungileyo nokubonakalalisa ukuba ungumKristu, ukuba uyamthanda uYesu Kristu, ngoko ke ngumsebenzi wakho ukuba ukwenze oko.

138 Kwaye ngoku ngaphaya. . . ndiyakholwa ukuba nguYohane oNgwele, isahluko se-6, UYesu wathi, “Nabani na uyidlayo iNyama yaM aze alisele elaM iGazi unoBomi obungunaphakade, ndaye ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.” Ngoku, eso sithembiso, asiyonto izukileyo leyo? “Ndiya kumvusa.”

139 Ingaba nakhe nayicinga ukuba yintoni enilapha ngenxa yayo? Yintoni eniyyo—yintoni eniya esikolweni ngenxa yayo,

bantwana? Usebenza ngenxa yantoni, tata? Yintoni ekwenza ukuba uvuke, kunye nomama, kwakusasa, uze uhambise abantwana ukuya esikolweni, uhlambe ubuso babo, kwaye wondlule iibhedi uze upheke, kwaye—kwaye—kwaye wenze konke oko? Ungene, udiniwe ngobo busuku, kwaye ngengomso uqalise into enye kwakhona. Ukwenza ngenxa yantoni oko? Kutheni ubulaleka kunye nobukhoboka, tata, nayo yonke into? Uyangena ebusuku, kwaye udiniwe, kwaye omnye wabantwana uyagula kwaye uhamba emgangathweni, kwaye ulile uze uthandaze kwaye usokole, kwaye baphile; kwaye ngoko ubuye, uze wenze lonto kwakhona. Kwaye rhoqo ngeCawe uhlambe ubuso babo, uze ubehlisele enkonzweni. Kwaye, ke, imalunga nantoni lonto iyonke? Ulapha ngenxa yantoni? Ingaba oko kukuphela koko kukuko? Bethu, oko kuyakuba lusizi, kwaye usazi ukuba kufuneka ukuba uhambe nakanjani na. Yabona? Yintoni okumalunga nayo oko?

¹⁴⁰ Owu! Mzalwana, lixesha lokuhlolwa, lixesha lenyweba! Inyweba yokwamkela Oku. Ndixelele into eya kuthabatha indawo yaYo. Ndixelele into engcono kunaleYo. Velisa nantoni na ehlabathini, kungabe ngukumkani womhlaba, olawula indalo iphela, kungabe nguKhrushchev okanye uKennedy, okanye nantoni na onqwenela ukuba yiyo, uyakufa nje ngokufanayo. Kunjalo! Awulazi ukuba leliphi ixesha eyakufika ngalo, nangawuphi na umzuzu. Kodwa apha, xana ukufa kubetha, unoBomi obunguNaphakade kwaye awunakuze ufe, ngesiqinisekiso ngoThixo wayo yonke indalo, Lowo unguMnini waMazulu kunye nomhlaba, “Ndiya kumvusa kwakhona ngomhla wokugqibela.”

¹⁴¹ Nceda Wena ukungakhohwa kwam, Owu Thixo. Zalisa umphefumlo wam, Owu Thixo, ndihlambulule, ndizalise, ndilawule, ndithumele ngaphandle. Ungandiyeki ndife, ndivumele ndiphile ukuze ndibalise iBali. Makhe ndiye kulo lonke ithanda nekona yomhlaba, kwaye ndishumayeke iLizwi ndihlwayele imbewu, ewe, mhlekazi, ukuze kubekho isivuno ngomhla wokugqibela, seLizwi lenyani elingakrexezwanga, kunye namakhohwa kuKristu.


¹⁴² Ingaba izono zakho ziphantsi kweGazi, ngokholo ngokuhlwanje kuKristu Yesu? Ngoku siza kuthabatha umthendeleko. Hayi umthendeleko; niyancokola njengoko nisitya omnye nomnye. Nje ncokola noThixo. Umthendeleko ayisosonka, hayi iwayini, *umthendeleko* ku “kuthetha ukubuya nokuya kunye noThixo.” Kwaye lo ngumfuziselo lowo esiwuthabathayo, wokokuba siyakhohwa ekufeni Kwakhe, umzimba owaphukileyo, ukungcwatywa kunye nokuvuka Kwakhe, siyakhohwa kuBukho bukaMoya oyiNgewe. Kwaye siyakhohwa ukuba Usinike uBomi obunguNaphakade kwaye asinakufa, sidlulile ekufeni sangena eBomini. Kwaye ngenye imini xana sahlukana ukusuka omnye komnye apha, siyakuvuka

kwakhona eluvukweni omnye nomnye, sibandakanywe noKristu Yesu, njengoMzimba. Amen. Phezu kwezi zisekelo, novumo lwezono zam, nokholo lwam kuNyana kaThixo, Ndithabatha mna kunye nebandla phambi kwala manqaku lawo uThixo asishiyele wona ukuba siwenze, ukubonisa ukufa Kwakhe ade Afike.

¹⁴³ UYesu wathi, “Lo gumzimba waM owaphuliweyo ngenxa yenu. Yidlani, oku kwenzeleni ukuNdikhumbula.”

¹⁴⁴ Bawo wethu oseZulwini, emva kokuba sizivume izono zethu, siliva iLizwi Lakho, emva kokuba sivumile ukuba asifanelekile, kwaye sithembele kuphela kwiimfanelo zoNyana kaThixo. Sizizidalwa ezingafanelekanga. Sixolele, Nkosi, ngako konke oko esikwenzileyo. Kwaye ngoku, ngokholo, siza esithebeni seNkosi. Kwaye ngoku njengokuba esi sonka sinikezelwa ukumela umzimba weNkosi yethu, Ndiyathandaza, Bawo, ukuba Uyakusingcwalisela injongo yaso. Kwaye wanga wonke umntu othabatha inxaxheba koku bangaba noBomi obunguNaphakade emphefumleni wabo. Kwaye banga bonke abakuthabathayo oku babe nokuphiliswa emzimbeni wabo, kwaye baphile ixesha elimisiweyo Othe wabanika lona. Kwaye banga bangaKukhonza yonke imihla yokudla kwabo ubomi, kwaye bavuswe ngomhla wokugqibela eluvukweni, bahlanganiselwe ndawonye kunye nezizwe zomhlaba ezo zihlanguliweyo ngeGazi likaKristu. Siphe oko, Nkosi, eGameni likaYesu siyakucela oko. Amen.

¹⁴⁵ IBhayibhile yathi, “Kananjalo Yathabatha indebe, kwaye xana sele Idlile, isithi, ‘Le yindebe yoMnqophiso oMtsha, ngamaxesha onke enisukuba nikusela oku nibonisa ukufa kweNkosi ide Ifike.’”

¹⁴⁶ Bawo oseZulwini, sibambe kuWe isiqhamo somdiliya ngokuhlwanje, le wayini. Kwaye siyathandaza, Bawo oseZulwini, ukuba Uyakuyingcwalisa le wayini, imele iGazi elaphalazwayo ngenxa yethu eKhalvari. Ngalo eli Gazi sinoxolelo lwezono zethu, ngokholo kumsebenzi ogqityiweyo kaYesu Kristu. Usixolele okwethu...konke ukungakholwa kwethu, Nkosi, kwaye usinike ukholo nokuqonda, kwaye usenze abakhonzi Bakho, Nkosi, ukuze sibe nokuKukhonza yonke imihla yethu. Yiba nathi, Bawo, njengokuba sihlangani kunye singqonge esi sithebe, kwaye sisikelele kobu budlelwane bulungileyo kunye nobudlelwane kunye naWe. Kwaye wanga Ungathetha ezintliziyweni zethu kwaye usalathise kumsebenzi wethu lowo esifanele siwenze. Siphe oko, Nkosi. Yingcwalise le wayini ngokwenjongo yayo. EGameni likaYesu Kristu siyakucela oko. Amen. 

62-0506 Ukuba Nezinto Zonke
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org